# "LAW' ILAHLE"

Ngu

A. M. MMANGO

A
496
371106
MMAN

THE LOVEDALE PRESS

## INTSHAYELELO

Kweli phakade ubomi abulula njengokuba abanye bethu becinga. Ukuba besinokubunakana obu bunyaniso ngesizama ukuziphepha iingozi neentshaba ezisilaleleyo kobu bomi. Kodwa akunjalo. Kukho abazibona ubulumko kangangokuba bacinge ukuba ilizwe banokulibumba baliguqu-guqule ngeminwe yobulumko babo. Aba ke baba lixhoba leengozi neentshaba kuba ekwenzeni kwabo bayatyhuthuza bekholose ngobulumko benkohliso, bayityeshele ingqiqo ephilileyo yenkoloseko enyanisweni. Ekubulalekeni kwabo bafumana ukhwankqiso nodano kuba endaweni yempumelelo esikelelekileyo bavuzwa ngokuwa nangokuhlazeka.

A.M.M.

# ' LAW' ILAHLE ! '

## (UMDLALO)

**Abadlali :—**

UNkatha—**Indoda engummi elokishini yaseMahlosana.**

USidima<br>UZiki<br>USizo } **Onyana bakaNkatha.**

UNosiga—**Udade boNkatha.**

UNzilo—**Umyeni kaNosiga.**

ULeli—**Umrwebi waselokishini yaseMahlosana.**

UDingeni—**Inkosana yaseTyira.**

USilinga<br>UMdeni<br>UNtuku } **Amaphakathi akomkhulu eTyira.**

USango—**Ixhwele laseTyira.**

UNozizathu—**Intombazana kaSango.**

UGoqo<br>ULongo } **Imisila yaseTyira.**

UDwala—**Indoda engummi waseTyira.**

UNkatha—**Indoda engummi waseTyira nengumninawa kaNtamo.**

UNothembile—**UmkaGoqo.**

UNozenzile—**UmkaDwala.**

UNogengile—**UmkaLongo.**

UNosongile—**UmkaNtamo.**

UNdotyo—**Inkwenkwana kaNtamo.**

Amadoda elali yaseThira.

UManzomlambo—**Inkosi yamaMpondomise ebhotwe layo liseSulenkama.**

UHomba
UNdili } **Amaphakathi akomkhulu eSulenkama.**
UJika

**Iindawo zomdlalo :—**

Mahlosana.

Tyira.

Sulenkama

# INDIMA I

## UMBONISO I

UNkatha, uNosiga ongudade boNkatha noNzilo ongumyeni kaNosiga endlwini kwaNkatha elokishini yaseMahlosana.

**UNkatha (Elele ebhedini) :** Athi ke mna !

**UNosiga (Ngomothuko) :** Yintoni bhuti ?

**UNkatha :** Abantwana bam ! Abantwana bam !—Bandixakile !

**UNzilo :** Batheni sibali ?

**UNkatha :** Esi simo saba bantwana sokuhamba ngobusuku babuye benxilile andisifuni.

**UNosiga :** Mus' ukuzikhathaza ngokucinga ngaba bantwana akunakubanceda, bhuthi, sebonakele.

**UNzilo :** Kanti nokucing' oku kakhulu ugula akufuneki, sibali, kuba endaweni yokudamba, iintlungu ziza kuxhuma.

(Kwavakala kukho abantu abezayo behamba behlabela besithi :)

"Thina singumlil' ovuthayo !
Watsha ! Watsha ! Watsha-a ! !
Lumka ke ! Watsha !
Lumka ke ! Watsha !
Lumka ke ! Watsha ! Watsha ! Wastha-a ! "

**UNkatha :** Nabo ke, bayawanxilile !

(USidima noSizo phambi komzi wakokwabo.)

**USizo :** Nanko uZiki ebhadula ebheka kwaNomejele.

**USidima (Ekhwaza uZiki) :** Heyi wena ! Uyaphi ngapho ? Naku ekhaya !

**UZiki (Ejika) :** Tyhini' !—Ndiyalahleka.

**USidima :** Ndihlala ndinixelela ukuba utywala abuyontanga yenu. Ninxila ngumqombothi kuphela. Kutheni le nto mna ndinganxiliyo ? Nangoku ndisele umqombothi neebhontile ezimbini zebhulanti !—Kodwa ndifudumele nje, ndiyindoda !

**(Bangena endlwini.)**

**USidima :** Hi dad' obawo, lumthini kodwa ubawo olu khohlokhohlo nala mahlaba amphahlileyo ?

**UNosiga :** Uyagula uyihlo bantwana bam. Musani ukumvisa ubuhlungu, ziphatheni kakuhle, nibe ngabantwana abalungileyo.

**USidima :** Uthini na ngoku udad' obawo ?—Kanti singabantwana abakhohlakeleyo ?

**UNosiga :** Yibani ngabantwana abanenyameko nimonge.

**USidima :** Uthini na ngoku udad' obawo ?—Simondle ngantoni engaseli nomqombothi nje ?

**UNosiga (Ecaleni) :** Ndiyakuvela mntakwethu !—kambe umntwana uyahlekisa ! Uyalilisa !

**USizo :** Dad' obawo, ndilambile, kuphi ukudla ?

(Uthi engekaphenduli uNosiga uSizo angqale embizeni aphake adle.)

**USidima :** Bafondini ! Kukuthini ukuthi umntu ephelile kukunxila kube kuxa asakhumbula ukudla ?—Buburovu kusini na ? Niyazi, mna ndingumntu oyedwa : ukuba ndisele kwanele, andisafuni kudla !

**UZiki (Ehlabela) :** Abanye bakhumbul' ukudla-a ! Mna ndikhumbula kuQumbu-u !

**USidima :** Khawutsho ke, ukhumbula ntoni kanye ku-Qumbu ?

**UZiki :** Ndikhumbul' amadoda enambith' incasa yesiXhosa ngasebuthlanti phaya ;

Ndikhumbul' abafazi beman' ukuqhwebula, besidl' imbadu ecaleni kwendlu ;

Ndikhumbul' ikhwelo lamakhwenkwe edlis' iinkomo edlelweni ;

Ndikhumbul' iintombi zitsholoza kamnandi emfuleni.
Ithi yakuthi thaa le mibono
Ndinge ndingazibona sendikulaa mhlab' unengca !

**USidima :** Uyandikhumbuza mfondini, kodwa eyakho inkumbulo ngalowa mhlaba ifana nekaSizo yokukhumbula ukudla enxilile.

**UZiki :** Eyakho inkumbulo ngalowa mhlab' unengca injani ?

**USidima :** Mna ndithi ndakucinga ngalowa mhlab' unengca ndikhumbule ubutyebi—kuba ndingathi ndikhe ndaya khona ngoku ndingaduma ngobutyebi ! Kunjalo nje sendiyibona nendlela endingatyeba ngayo.

**UZiki :** Ungathini ? Ungenza ntoni ukuze ube sisityebi ?

**USidima :** Xa undijongile wena ucing' ukuba ndifumbalele phezu kwamaqand' abolileyo ?—Hayi, ndihleli nje ndidl' ingqondo !

**UZiki :** Ungatyeba njani na gxebe ?

**USidima :** Ha ! Ha ! Ha-a !—Kaloku azixelwa zonke kukho amakhehle namakhehlekazi.

(**Uyaphuma uSidima**).

**UNkatha (Ecaleni) :** Ewe, bunjalo kaloku bona utywala, buyazivelisa iingcinga zomntu.

(**UZiki noSizo bayaphuma**).

## UMBONISO II

(UNkatha kunye nonyana bakhe uSidima noZiki noSizo endlwini kwaNkatha kusasa.)

**UNkatha (Elele ehbedini) :** Bantwana bam, ndinga la mazwi ndiza kuwathetha kuni ningawaphulaphula kakuhle khon' ukuze nakheke nibe ngabantu endinqwencia ukuba nibe ngabo. Ucoceko nondileko ziingxam zentsulungeko esimilweni somntu. Xa nditshoyo ke, bantwana bam, ndinga ningafunda ukuzicoca nokuzindila ezimilweni zenu. Senikhe nazibona iziqhamo ezibi zokungazicoci nokungazindili komntu esimilweni sakhe. Wena Sidima ukhe wahlala

entolongweni unyaka wonke ngokuqhekeza evenkileni. Wena Ziki ukhe wabanjwa uhamba edolophini unxila ebusuku. Wena Sizo uvuke esibhedlela emva kokuqwengwa ngemela udlala amadayisi notsotsi. Kodwa ndibuhlungu ukuphawula ukuba nakubeni nje nikhe nehlelwa zizihlo ezinje, izimilo zenu zisekude lee entsulungekweni endininqwenelela yona.

**USidima :** Yintoni oyikhalazelayo kuthi ngaphandle kwala mashwa asihlelayo ?

**UNkatha :** Olu nyawo lwenu andilufuni.

**USidima :** Luphi ?

**UNkatha :** Olu lokuhamba ngobusuku nize nibuye ninxilile. Qondani kakuhle bantwana bam ukuba andilufuni konke olu nyawo lwenu lokuhamba ngobusuku, ngexesha lamabhunga amayelenqe namadinga eentlondi !

**USidima :** Isikhalazo sakho andisiva kakuhle kuba xa sukuba sihambile asiyanga mabhungeni amayelenqe, asiyanga madingeni eentlondi, kuphela siye kuzonwabisa kwabanye.

**UNkatha :** Ndiveni kakuhle : ndithi eli xesha nihamba ngalo okanye nizonwabisa ngalo (ngokwentetho yenu), andilifuni, kuba kungalo eli xesha enangena kwezi ntlondi sendizikhankanyile, kwaye ke ukukholosa ngentlondi akuphumelelisi, umvuzo wako kukuwa nokuhlazeka. Ndinga ningawaphulaphula amazwi am okuniluleka nizinxweme entlondini.

**USidima :** Kum ingathi sel' uqhub' ukusinyelisa kuba emva kwamashwa awasihlelayo asikoni nto.

**UNkatha :** Wena kanye Sidima, uceba ukwenza eny' intlondi ngoku.

**USidima :** Ngokuba nditheni ?

**UNkatha :** Uzingela ubutyebi.

**USidima :** Ndizingela ubutyebi njani ?

**UNkatha :** Phezolo ndikuve usithi ungathi ukhe waya kuQumbu ungaduma ngobutyebi. Kanti ke ndikuxelele

inyaniso: umntu ozingela ubutyebi uzingela ukufa. Ungathi kuba wasindayo ekufeni ngokuya wawuqhekeza ucinge ukuba uya kuhlala usinda !

**USidima:** Kwowu ! Uyandigculela !

**UNkatha:** Andigculeli ndiyaluleka. Sikrakra isiqhamo sentlondi. Umntu xa abanjiwe entlondini uthi uhlelwe lilishwa kanti enenеni sukuba ebanjwe ngumgibe wentlondi yakhe.

**USidima:** Namhlanje ndiyacacelwa kukuba undithiyile !

**(USidima noZiki noSizo baya kwenye indlu).**

**UNkatha:** Ngokwenene wonakele mntwan' am ! Xa inyaniso ililiva kuwe !

(USidima noZiki noSizo kwenye indlu.)

**USizo:** Sone ntoni na kutata ?

**USidima:** Usathi 'tata' kumntu ongenaluxolo nathi, osihlalele ngokusicukuceza ? Kodwa ndiza kumenza awabale amazwi akhe, azi ukuba xa athetha nomny' umntu uthetha nomntu onenyama negazi nengqondo njengaye ! Kuyinene ukuba ndizingela ubutyebi kodwa andibuzingeli ngale ndlela acinga ngayo yena kuba andizi kuqhekeza venkile ndaye ndingazi kukhuthuza mntu, kodwa ndiza kuba sisityebi ngengqiqo. Ndakuba sisityebi ndiya kumchwethela kude, ndimxelele ukuba kaloku yena uyingqondi mna ndisisiyatha senxila.

**UZiki:** Uza kuba sisityebi njani na ?

**USidima:** Njengokuba seyilixesha lokuba sihambe siye emsebenzini ndicebisa ukuba maze singayi etywaleni ukuphuma kwethu emsebenzini ; masidibane kule ndlu yethu ngobu busuku, ndinityhilele imfihlelo yam sizolile.

**UZiki:** Ngxatsho ke ! Kulungile.

**(Bayaphuma).**

## UMBONISO III

USidima xa aya emsebenzini udibana noLeli ongunovenkile ekhwele emotweni endleleni evela esitishini saseMahlosana.

**USidima :** A ! MQoco !

**ULeli :** Hee ! Jola !

**USidima :** Ubuyephi na ngeqegu eli mQoco ?

**ULeli :** Hayi Jola, bendiye kuthabatha iimpahla aph' esitishini. Wena ukwenjenj' oku uyaphi ?—Uyaphangela ?

**USidima :** Ndiyaphangela mQoco. Kaloku thina ziyatha sihleli loo ntlalo yokuphangela miso le.

**ULeli :** Akukho kuthini kaloku Jola, uyindoda kufuneka uphangele. (**Bayahlukana**).

**USidima :** ' Akukho kuthini kaloku Jola ' —

Utsho wena uyinkosi, uhamba ngemoto, unezicaka, ukhomba ngomnwe ?—

Undimfamekisa kub' usiva ndizibalela eziyatheni ?—

Andisosiyatha mna !

Ingqondo yam iyasebenza !

Nam ndinenyama negazi nengqondo njengawe !

Loo nto unokuyiqiqa uyenze

Nam ndinokuyiqiqa ndiyenze.

Nam ndiza kuba sisityebi njengawe mhlawumbi ngaphezulu!

(**Uyafika emsebenzini**).

## UMBONISO IV

(USidima noZiki noSizo entangeni ebusuku.)

**USidima :** Le nto iyimpumelelo ilula kakhulu kumntu oyifunayo.

**UZiki :** Khawutsho, ilula njani ?

**USidima :** Kufuneka ubukrelekrele bengqondo nenkuthalo engqiqweni khon' ukuze umntu aphumele kweli phakade. Ndijongile nje, ngenxa yobunqenera engqiqweni uluntu lumkhangela njengommangaliso umntu osisityebi, angewenze ngobugqi obubobakhe ukuze atyebe, kanti hayi,

utyebe ngabanye abantu,—ngokubabamba ngengqondo. Khanibone uLeli ! Namhlanje usisigwili esidumileyo, unezicaka, ubaleka ngengayiwayo imoto. Ukanti ! Eli shishini lakhe limhlumise wachuma wanje, walisungula ngemalana engangekhulu leeponti. Namhlanje sithenga ukudla kwaLeli, sithenga izambatho kwaLeli, usibambe ngengqondo sayileli yakhe yempumelelo ! Khanindixelele ke : ukuba omnye umntu unokuqiqa enze into kungasizathu sini ukuba wena ungabi nakho ukuqiqa wenze kwaloo nto iqiqwa yenziwe nguloo mntu enenyama negazi nengqondo njengawe ?

**UZiki :** Ndingathi ukukuphendula : le nto iyimpumelelo ihamba nesiphiwo.

**USidima :** Impumelelo ihamba nesiphiwo njani ? Andithi uLeli uqiqile, wenza, waphumelela ?

**UZiki :** Ewe kunjalo phofu ; kodwa ke, ekuqiqeni, nasekwenzeni, nasekuphumeleleni kwakhe uLeli uncediswe nguMphi.

**USidima :** Utheth' ukuthi ke uMphi lo akanazo neentloni ngenxa yekhethe analo ngokokude ancedise uLeli, aze wena akuyeke kodwa uzama impumelelo ngokuqiqa nangokwenza ?

**UZiki :** Kukho into oma uyiqaphele : iziphiwo ezi azifani. Elowo nalowo unesakhe isiphiwo athi ekuzameni kwakhe ngokuqiqa nangokwenza ancediswe nguMphi empumelelweni yakhe kweso siphiwo.

**USidima :** Le nto uyithethayo yile ndiyibiza ngokuthi bubunqenera engqiqweni kuba ndijongile nje ngoku uza kugqibela ngokundixelela ukuba phambi kokuba uzame impumelelo ngokuqiqa nengokwenza kufuneka uqale ubuze uhlobo lwesiphiwo sakho kuMphi—into ke leyo engasokuze yenzeke ! Ndingekatyhutyhi ukuthetha mandenjenje kuni : niya bufuna ubutyebi ?

**UZiki :** Mna okukokwam ndithi : ukuba abunakundididibanisa nengozi yokubanjwa nokufa ndiyabufuna.

**USizo :** Nam nditsho ngokunjalo.

**USidima :** He-e ! He-e-e !—Niyandicubhula ngentsini !—Eli khehle linimfamekise namfameka nyani na xa lithi : 'umntu ozingela ubutyebi uzingela ukufa ' ? Xenikweni umntu enza into ngokuqiqa nangokuqonda akukho loyiko lwangozi. Ndakuba ndinityhilele imfihlelo yam niya kuyingqina le nyaniso ndiyithethayo.

**UZiki :** Khawusityhilele kaloku sive.

**USidima :** Niyambona uLeli lo, gxebe (nangaphandle kukaLeli) niyababona abarwebi jikelele ?

**UZiki :** Ewe, siyababona.

**USidima :** Ulapho ke umnxeba wecebo lam—akukho ngozi yakubanjwa nakufa.

**UZiki :** Qhuba.

**USidima :** Abarwebi sibanika imali yethu baze bona basinike izinto esizinqwenelayo. Abanaloyiko lakubanjwa nakufa kuba abasiphangi mali yethu, sithi esibanikayo ngokunqwenela izinto abazithengisayo.

**UZiki :** Qhuba sive oyena ndoqo.

**USidima :** Ngumongo wenjongo yam ke lowo—ukuba sifumane ubutyebi singenaloyiko lwengozi yokubanjwa nokufa.

**UZiki :** Qhuba.

**USidima :** Niya kukhumbula ukuba kwiminyaka elishumi eyedluleyo sikhe satyelela kwabawokazi uNtamo ongummi waseTyira, kwisithili sakuQumbu ?

**UZiki noSizo :** Ewe.

**UZiki :** Yinkumbulo emnandi kum leyo—ukukhumbula lowa mhlab' unengca !

**USidima :** Ndiyavuya ukunixelela ukuba namhlanje ndiyayingqina inyaniso ethi : " Ukuhamba yimfundo." Ewe, nditsho nokutsho ukuthi imfundo luncedo kuba kwelo zwe ndafunda ulutho oluza kundiphumelelisa.

**UZiki :** Wafunda ntoni ?

**USidima :** Zininzi izinto endazifundayo kodwa eyona iza

kuba luncedo ekusiphumeleliseni ifunjethwe ngamaganyana nje mathathu : ' inkolelo eyendeleyo enkohlisweni.'

**UZiki :** Iza kuba luncedo njani ekusiphumeleliseni ?

**USidima :** Niyayikhumbula indoda ekwakusithiwa nguXhongo igama ?

**UZiki :** Ewe, uXhongo ixhwele.

**USidima :** Hee ke-e !—Uthe kanti usamkhumbula kakuhle —uXhongo ixhwele.

**UZiki :** Utheni ke uXhongo ?

**USidima :** UXhongo kaloku wayebabambe ngengqondo abantu, ebakhohlisa esithi ulixhwele, uyakwazi ukugxotha isichotho.

**UZiki :** Ewe.

**USidima :** Abantu babekholelwa enkohlisweni kaXhongo, bemnika imali ukuze abagxothele isichotho, singatshabalalisi ukudla kwabo emasimini.

**UZiki :** O, utheth' ukuthi ke nathi siza kuba ngamaxhwele ?

**USidima :** Hayi, yivani kaloku ndinixelele.

**UZiki :** Ewe.

**USidima :** Nangu umcamango wam : Siza kuhlwayela inkolelo yembubho eza kubakho kwilali yaseTyira.

**UZiki :** Siza kuyihlwayela njani loo nkolelo ?

**USidima :** Siza kuthabatha uhambo olubheka kuQumbu, size sakuba sifikile kuQumbu siye emzini wenkosi kwilali yaseTyira. Apho ke siya kufika sishumayele udaba lokuba kukho ilahle elijinga phezu kwaloo lali, eliza kuyiwela, liyibhubhise ngokuyitshisa. Siza kushumayela udaba lokuba thina sinamandla obugqi okuthintela elo lahle ukuba lingawi. Siza kuxela ukuba oko sinokukwenza kuphela xa athe ngamnye wasinika isicamagusho esingangeesheleni e zimbini. Baza kusinika imali, thina sibe ngabasindisa ubomi babo. Ukuba niliqonda kakuhle eli cebo lam lilungile kunjalonje alinangozi kuba alahlukanga kule nto siyenza imihla ngemihla—intengiselwano nabarwebi. Kunjalonje intle le nto kuba njengokuba kukudala sagqi-

bela ukuya kwelo zwe akukho mntu usaziyo, nobawokazi uNtamo akanakuba sasazi ngaphandle kokuba sizichaze, into ke leyo esingekhe siyenze ukuba sifuna icebo lethu liphumelele nomnqweno wethu ufezeke. Siza kuguqula amagama ethu, siguqule nezinxibo zethu, sibe ngabantu abahamba ngomcimbi olungileyo—umcimbi wokusindisa abantu. Njengokuba ndinichazele umcamango wam, ngaba kolwenu uluvo kukho ngozi niyibonayo na kweli cebo lam ?

**UZiki :** Ukuba abantu belo zwe siya kulo baya kukholelwa kule nto, mna andiboni ngozi kweli cebo lakho.

**USizo :** Nam nditsho.

**USidima :** Masizilungiselele ke bafo bakabawo, sinduluke ngobusuku bangoms' omnye. **(Bayalala).**

## UMBONISO V

(UNkatha, uNzilo, uNosiga nonyana bakaNkatha bobathathu endlwini kwaNkatha kusasa.)

**UNkatha :** Ukufa kundoyisile, ngoku lifikile ilixa lokuba ndinishiye.

**UNzilo :** Usihiye uyephi sibali ?

**UNkatha :** Ndiye kwikhaya lemimoya. Wena sibali nawe Nosiga, dade wethu ; ndiyanibulela ngokundonga ngenyameko nangobubele. Njengokuba nindenzele ubuhle nam ndithi lindelani ubuhle.

**UNzilo :** Yimfanelo kaloku sibali ukuba sigcinane.

**UNkatha :** Ndibulela kwa ukuzikhathaza oku ngokwenza imfanelo kuba bambi bathi beyazi nje imfanelo bangayenzi, kuba kaloku imfanelo ayinyanzeli mntu ukuba makayenze. Kuni bantwana bam ndithi : isimilo senu siyandingcungcuthekisa nakulo mzuzu wokugqibela.

**USidima (Ecaleni) :** Kuphela ke ! Uyawasishwabulela !

**UNkatha :** Umntwana usisikhumbuzo nomfanekiso womzali wakhe kweli phakade lombona namazimba. Ndinasikhu-

mbuzo sini na, ndinamfanekiso mni na kuni bantwana bam? Uthi xa angasekhoyo umzali akhunjulwe ngabakhoyo bekhunjuzwa kukubona abantwana bakhe. Kodwa ke bantwana bam, abantu bathini ngani xa banibonayo ; besithini ngam? Emva kokuba ndibhubhile baza kuthini ngani, beza kuthini ngam?—Ndiyoyika!

**(Uyafa uNkatha).**

## UMBONISO VI

(USidima, uZiki noSizo endleleni ebheka esitishini saseMahlosana.)

**USidima :** Side sibuye siphinde siwunyathele lo mhlaba asisayi kuphinda saziwe ngamagama angoSidima, noZiki noSizo.

**UZiki :** Siza kuba ngobani ngoku?

**USidima :** Ukususela namhlanje de kube yimini esiya kubuya ngayo uSidima nguKheme, uZiki nguLimi, uSizo nguMomo ; onyana bakaNembe.

**USidima :** Uzuthathe mfo wakwaNontliziyo-ndise!
Uphale kakuhle mfo wasemzini
Kub' ithwel' iinjong' eziphakamileyo namathemb' atyebileyo.
'Zuth' ukusothula kwakho
Kuqandusel' iminqwen' emihle.
Sihamba siqumbile
Masibuye sichwayitile, sichulumacha!

**(Uphuma nabo ulolilwe).**

# INDIMA II

## UMBONISO I

(UMdeni, uGoqo, uSango, uDwala, uLongo nebandla embizweni komkhulu eTyira.)

**UMdeni :** Manene akokwethu, sesiphinde sakho ngomcimbi ebesikhe sawuvandlakanya kwiveki ephelileyo, umcimbi odla umzi—,ewe, umcimbi wempilo yethu. Namhlanje ke injongo mayiyiphuhlise inyaniso okanye inyaniso iyiphuhlise injongo, kuba ukudla kwethu kudala emasimini phaya kwaye ndijongile nje nale nto iphezulu ixhinile. Ngokufutshane manene, umongo wamavandlakanya ethu kwiveki ephelileyo yayikukuba sifune ixhwele lokukhusela ukudla kwethu kule nto iphezulu.

**UGoqo :** Ayavakala manene. Masivuke emaqandeni, sishiyiwe zezinye iilali, zonke iilali ezisingqongileyo sezibethelele. Sisele sodwa, kodwa singamadoda, sinengqondo namava. Mna ndibona kwalo kaMlenze, uSango. Ndithi makasebenze njengezolo nezol' elinye, asikhuselele ukudla kwethu kule nto iphezulu.

**USango :** Ukuthetha kwenu kuyavakala mawethu, ndaye nam ndizimisele ngomxhelo wam wonke ukuba ndibe luncedo kumawethu. Kodwa njengokuba seniyazi inkqubo yalo mcimbi, phambi kokuba ndivule itasi yam kufuneka umzi ngamnye urole isheleni, engumrumo osisicamagusho.

**UMdeni :** Ngxatsho ke manene ! Akukho mfuneko yakwaphulana kule nnto, kuba eneneni yinkqubo esiyiqhelileyo le ithethwa ngulo kaMlenze. Nangexesha awayesaphila uXhongo owayelixhwele lale lali, sasiqhuba ngolu hlobo. Lilonke ke ndithi masihlabele mgama, masirume asebenze uSango. Ukuba silibele yinqala siza konakalelwa

ixhinile le nto iphezulu. UGoqo noLongo mabaqokelele imirumo bayise kuSango emalanga ngomso. Nalo ke elam manene.

**UDwala :** Ndirole isheleni yesihlanu nonyakanje ?—Andisayi kuyenza loo nto ! Kulungile ukuba eyam intsimi ibethwe sisichotho !

**Ibandla :** Hmm ! Wayibiza !

**UDwala :** Andisayi kuphinda ndibe lixhoba lenkohliso nonyakanje ! Kwanele ! Madoda, sekumzuzu ndiyikhangele le nto ! Namhlanje ndiyibona ibubuvuvu obungamampunge amampunge. Akukho Sango ulawula phezulu ! —Akukho Sango ukwaziyo ukuthintela isichotho !

**Ibandla :** Hmm ! Wayibiza !

**UDwala :** Le minyaka mine uSango usikhohlisile. Nonyakanje mna ndiyazinxwema enkohlisweni kaSango.

**USango :** Madoda, ukuba niyiphulaphula kakuhle le ndoda iyandithuka ; ithi ndingumkhohlisi. Ke kaloku ke ndicela kwakuyo ukuba ikhe indiphe isizathu ethi ndingumkhohlisi ngaso.

**UDwala :** Ewe, ngokwenene ungumkhohlisi. Nyakenye sikunike kwa ezi sheleni kodwa ukudla kwethu kubhuqwe tu sisichotho.

**Ibandla :** Hmm ! Wayibiza !

**USango :** Niyeva ke mawethu. Ukuba niyaqaphela indlela yale ndoda inxaxhile kweyamanye amadoda. Le ndoda izibon' ubulumko yodwa, amany' amadoda iwajongel' ubuyatha. Nangoku ingqina lale nto ndiyithethayo, amaxesha ngamaxesha ithetha apha, ndiphawula ukuba yaphula omnye wemithetho endayiwisayo njengomkhuseli wokudla kwenu. Le nto iphezulu ndathi mayingankqangazwa ngegama layo. Xa kuthethwa ngayo ndathi makuthiwe :' Into ephezulu ' kuba xa niyinkqangaza ngegama layo niyayibiza. Kodwa yena ngenxa yokuba ezibona ubulumko uyayinkqangaza. Kwakhona, umnumzana lo ndinga angaqonda ukuba ezi sheleni athi ndiyazinikwa, akuphiwa mna,' ' aku-

tyetyiswa mna,' kuphela zingumrumo osisicamagusho kwabandiphetheyo, abandinika amandla kweli dabi nithi mandililwe—ukukhusela ukudla kule nto iphezulu. Ngokubhekiselele kwisityholo andityhola ngaso ndingathi, apha kule lali yaseTyira akukho mntu ungaziyo ukuba nyakenye ukudla kwabhuqwa yile nto iphezulu ngenxa yokwaphulwa komnye wemithetho endayiwisayo, umthetho othi : ' Xa bekukho umoya ngezolo okanye ngephezolo makungaphathwa gaba kuyiwe kuhlakulwa ngemini elandelayo, kuba xa kusenjiwa njalo kubizwa le nto iphezulu.'

**UDwala :** Yivani amazwi engqiqo nize nenze ngokuqiqa :
Koda kube nini na nimfamekiswa
Ngala maxoki athi ayazi atsho engazi ?
Koda kube nini na nilixhoba lenkohliso ?
Koda kube nini na nisemngciphekweni wokumka nomsinga wenkohliso ?
Madoda, qiqani niqonde ;
La maxoki awisa imithethwana emininzi,
Engamasebe okuzisitha ebuxokini bawo.
Le mithethwana mininzi kangakanana
Ngamacebo okuziquma enkohlisweni yawo.
La maxoki awisa imithethwana emininzi
Khon' ukuze ithi yakuvela inkohliso yawo
Aziqume ngokuthi :
' Konakele ngenxa yokwaphulwa komthetho wawo othile,'
USango lo ke lixoki lala maxoki.

**USango (Ngomsindo) :** Mfondini !—Ndiyindoda ! Mus' ukundithuka !

**UDwala :** Ukub' uyindoda yenz' into eyenziwa yindoda xa ithukwa yeny' indoda.

**USango :** Mfo kaQondo, ngesiXhosa esiphandle ndithi kuwe : yihla kum !—Undibona ndiyindoda nje andikhuliswanga ngezikhoko zakokwenu !

**UDwala :** Ubudoda bakho ndiyabuthandabuza. Ngaphezu koko ke xa ndibona wena ndibona kwahagu nje engafanele

kukhuliswa ngezikhoko zakokwethu ide ibe ngaka. Ihagu enje ngawe nje ngesekukudala ndayixhelayo kokwethu.

**USango (Ephakama ephethe intonga yakhe) :** Mfo kaQondo ! —Ndiza kukusebenz' egazini ! Ndiza kukwenz' int' ibonwe ngamehlo !

**UDwala (Ephakama neyakhe intonga) :** Ndikhuthele emsebenzini wegazi ! Ndakubizelwa kuwo ndisabela ndivuya !

**USango (Esonda ngoDwala) :** Andenjiwa njalo mna ! Andenjiwa njalo mna !

**UGoqo (Ebamba uSango) :** Hi Dubane ! kuhle bo !

**UDwala (Ehlangabeza uSango) :** Yiyekeni le ngulube ndiyixhele !

**UMdeni (Ebamba uDwala) :** Hi Dosini ! Musani ukwenjenje ningamadoda !

(Bayalanyulwa, bahlaliswe ngeendawo zabo.)

**UMdeni :** Ndinodano olukhulu ukufumana ukuba apha phakathi kwethu kukho onoluvo olunxaxhileyo kuluvo lwesidoda siphela. Madoda, umcimbi esingawo ngumcimbi obaluleke kakhulu, ngumcimbi odla umzi,—ewe, ngumcimbi wempilo yethu lo gama sisekweli phakade lombona namazimba. Makungabikho uzibona ubulumko kunabanye. Sonke silumkile silaphanje. Ngoko ke masimanyane ngengcinga, simanyane ngentetho, simanyane ngoluvo, khon' ukuze kusilungele ukuhlala kweli phakade. Ewe kananjalo, sinomqondo wobunyaniso bentetho yakudala, intetho ethi : " Akukho qili linokuzikhotha emhlana," masifikelele esigqibeni esinye, isigqibo sokuba lo kaMlenze makasikhuselele ukudla kwethu kule nto iphezulu.

**UGoqo :** Ndinga ningacacelwa manene akokwethu ukuba uSango uyasinceda, kunjalo nje akahana-hanisi, uzimisele ekusinceden i. Nathi ngelethu icala masincedisane naye ngokuthobela imithetho asiwisela yona. Apha eTyira akukho mntu ungaziyo ukuba nyakenye sihlelwe bububi bokubhuqelwa ukudla kwethu yile nto iphezulu ngenxa yokwaphula umthetho womncedi wethu, umthetho othi :

' Xa bekukho umoya ngezolo okanye ngephezolo makungaphathwa gaba kuyiwe kuhlakulwa ngemini elandelayo, kuba xa kusenjiwa njalo kubizwa le nto iphezulu.' Ubungqina bobunyaniso bale nto ndiyithethayo, kwiminyaka emithathu engaphaya kwalo uphelileyo, oko uSango wasebenzayo nathi simncedisa ngokuthobela imithetho yakhe, ayizange isenze nto le nto iphezulu. Sizokonakalelwa nyakenye ngesizathu sethu sokwaphula umthetho wexhwele lethu. Onke amaxhwele asebenza le nto iphezulu anemithetho ekufuneka ithotyelwe khon' ukuze kulunge.

**UMdeni :** Ndiyathemba ukuba sivene ke manene. Masibe moya mnye, sibe luvo lunye, sibe njongo nye khon' ukuze kulunge.

**ULongo :** Hi madoda, niyibona njani le nto ?

**UMdeni :** Yiphi ngoku sigqibile nje ?

**ULongo :** Madoda, xa senjenje apha asizanga kudlala size kulungisa umcimbi obalulekileyo—umcimbi wobuzwe bethu.

**UMdeni :** Cacisa mfondini.

**ULongo :** Njengamadoda omthetho nesiko kufanelekile ukuba indoda endlela inxaxhileyo masiyalathise indlela engqalileyo ehanjwa sisidoda siphela. Lilonke ke, ndithetha ukuthi masisebenze ngale ndoda idal' udushe phakathi kwethu.

**UDwala :** Phimisela mfondini, yiyiphi le ndoda idal' udushe phakathi kwethu ?

**ULongo :** Mfo kaQondo, nguwe lo udale udushe phakathi kwethu.

**UDwala :** Ndiludale njani udushe ?

**ULongo :** Ngokulwa ebandla.

**UDwala :** Oo !—Ukuze kulunge ngendimyekile lo kaMlenze wandibetha ?

**ULongo :** Ndive kakuhle mfondini, nguwe odale udushe ngokuthuka lo kaMlenze. Ukuba ubungamthukanga uSango ngelungabangakho olu dushe sigqiba ukululamla.

**UGoqo :** Yinyaniso le ithethwa yile ndoda. Lo kaQondo

wonile, udele inkundla. Indlela ke engqalileyo yomthetho kukuba makohlwaywe ngesenzo sakhe sokulwa ebandla.

**UMdeni :** Ngokungathandabuzekiyo wonile uDwala, kufanelekile ke ngoko ukuba kubekho into esiyisebenzayo ngokona kwakhe. (**Ebhekisa kuDwala**). Mfo kaQondo khawusinike ithuba sikhe senze isigqibo ngawe.

(**UDwala uthabatha esinye isikhundla bucala**).

**UMdeni :** Ndiweva kakuhle mna la madoda, asibeka endleleni yomthetho. Besiya kuba sityeshela umthetho xa simyeka lo kaQondo, singamohlwayi enze isono ngokulwa ebandla. Mna ndithi ibandla malimbonise umthetho, makahlawule ibhokhwe khon' ukuze ahambe esazi.

**ULongo :** Liyevakala manene. (**Ebhekisa kuGoqo**) Goqo, khawubize leya ndoda sikhe siyixelele umthetho.

(**UGoqo uya kubiza uDwala.**

UGoqo noDwala bayafika bathabathe izikhundla zabo.)

**UMdeni :** Ngxatsho ke ! Mfo kaQondo siza kukuvula amehlo khon' ukuze uhambe ubona ukuba xa senjenje asingomadoda omdongwe, singamadoda omthetho nesiko. Ibandla eli likufumana unetyala ngokudela inkundla. Ngoko ke ibandla liyakohlwaya, lithi hlawula ibhokhwe.

**UDwala :** Kulungile, ndiyasamkela isigwebo senu.

**UMdeni :** Sigqibile ke manene. (**Ebhekisa kuGoqo**) Wena ke Goqo uzuvuke uye kuthabatha loo bhokhwe ; nebandla kuya kufuneka ukuba liphelele kwakusasa ngomso, lize kuqukumbela lo mcimbi. (**Kuyachithakalwa**).

## UMBONISO II

(UDwala ukhawulela uSango endleleni egodukayo. Bayadibana endleleni.)

**UDwala :** Hee ke ! Nali ithuba lakho 'lokundisebenz' egazini ' !

**USango :** Asindim lowo ungasebenza loo msebenzi kuwe Dosini.

**UDwala :** Ngokuba kutheni ? Ndibuthakathaka ?

**USango :** Hayi, ndiyakuhlonela Dosini.

**UDwala :** Undihlonela ukuthini kwam ?

**USango :** Kule lali ndikufumana uyeyona ndoda ivukileyo.

**UDwala :** Mfondini, khawugqib' idiniso lakho. Bakunqand' uxhinile phaya embizweni.

**USango :** Mfo kaQondo, mna andinabutshaba nawe, ndaye andinqweneli butshaba phakathi kwethu. Ububhovubhovu ebendibenza embizweni bendibenzela ukumfamekisa ezi ziyatha zala madoda ale lali. Nangoku bendizimisele ukuza kuwe ndikutyhilele icebo elisentliziyweni kum.

**UDwala :** Licebo lini ?

**USango :** Kukuba sivane sobabini kodwa imvano yethu ingaziwa ngabanye abantu.

**UDwala :** Andisayi kuze ndivane nomkhohlisi onje ngawe. Into endiyifunayo kuwe kukuba 'undenz' int' ibonwe ngamehlo ' ngoku sisobabini, kungekho mntu uza kusilamla.

**USango :** Oko andisayi kukwenza.

**UDwala :** Uza kukwenza hagundini !

**(Umbetha ngentonga).**

**USango :** Ha-ayi ! Yho-o ! **(Uyabaleka).**

## UMBONISO III

(Kufika uGoqo noLongo kwaDwala.)

**UGoqo noLongo :** Nkqo !

**UDwala :** Ngaphakathi !

**UGoqo noLongo (Bengena) :** A ! Dosini !

**UDwala :** Ewe-e !—Ngaba amadoda la ayathetha ?

**UGoqo :** Ewe, Dosini.

**UDwala :** Nithini ?

**UGoqo :** Size ngokwesigqibo sebandla.

**UDwala :** Isigqibo esithini ?

**UGoqo :** Ubungekho na embizweni izolo ?

**UDwala :** Embizweni yantoni ?

**UGoqo :** Iza kundixaka ke le mibuzo yakho kuba nawe ubukho embizweni.

**UDwala :** Iza kukuxaka kakade imibuzo yam kuba akuzimisele kundiphendula endaweni yokundiphendula uyandibuza.

**ULongo : (Ebhekisa kuGoqo) :** Nokuba ayisibeki ndleleni le ndoda mna ndithi masiyicenge kuba thina sithunywe libandla. **(Ebhekisa kuDwala)** Ngokufuthsane mfo kaQondo ibandla embizweni obukuyo nawe ngokwakho izolo ligqibe ekubeni makuqokelelwe imirumo isiwe kuSango.

**UDwala :** Isheleni ndinayo, **(Ebabonisa)** yiyo le. Kodwa andizi kuyinika ixoki elinguSango.

**ULongo :** Kodwa isigqibo samadoda usivile ?

**UDwala :** Andisebenzi nto ngesigqibo samadoda angqondo zingqukuva ; into endiyithethayo ndithi andiyingeni le mfungumfungu.

**UGoqo :** Utheth' ukuthi ke mfondini ngoku sihamb' imfungumfungu ?

**UDwala :** Ewe, nihamb' imfungumfungu.

**UGoqo (Ngomsindo) :** Akusithuki ke xa utshoyo ?

**UDwala :** Ewe, ndiyanithuka kuba ndinixelel' inyaniso.

**UGoqo (Ngomsindo) :** Mfondini ! Nathi singamadoda !

**ULongo (Ebhekisa kuGoqo) :** Masimyeke lo, asinakumnceda.

**(UGoqo noLongo bayahamba).**

## UMBONISO IV

(UGoqo noLongo bafika kwaSango.)

**UGoqo noLongo :** Siyankqokqoza !

**USango :** Ngaphakathi !

**UGoqo noLongo (Bengena) :** A ! Dubane !

**USango :** Hee ! Bahlekazi !—Saphinda sabonana bahlekazi, yintoni embana ?

**UGoqo :** Hayi, Dubane, akukho nto imbi ; sisahamba ngokwesigqibo sebandla.

**USango :** Oo !—Ewe !

**UGoqo (Emnika imali) :** Ukwenje nj' oku ke sizise imirumo.

**USango (Esamkela imali) :** O, ewe.

**UGoqo :** Siyigqogqe yonke imizi, hayi bethu baruma bonke ngaphandle kukaDwala.

**USango :** Uthi kutheni engarumi nje yena ?

**UGoqo :** UDwala uthi isheleni unayo kodwa akazi kuyinika ixoki elinguwe.

**USango :** Oo !—Usandithuka nangoku ?

**UGoqo :** Usithuka sonke ngoku, uthi akasebenzi nto ngesigqibo samadoda angqondo zingqukuva.

**USango :** Utsho ?

**UGoqo :** Ewe, uthi akayingeni le mfungumfungu.

**ULongo :** Mna madoda ndithi le ndoda mayimangalelwe ngokuthuka amadoda elali.

**USango :** Yiyekeni madoda le ndoda, ndifuna ukukhe ndiyibonise ukuba mna Sango kaMlenze ndiphethe phantsi naphezulu. Lo nyaka uza kuphela kusithiwa ngomzi wayo " Umzi kaDwala owawulapha waya ngaphi na ? " Niya kuba nikho. Ndiya kuba ndikho. 'Ze nikhangele. 'Ze nibeke iindlebe. 'Ze nibone, nive, nindibuze. (**Exhimfa ngenqindi phantsi**) Naku kubekiwe ! Andenjiwa njalo mna !

**UGoqo :** Siyahamba ke Dubane.

**USango :** Kamnandi mawethu ; lo yena ndiza kumbonisa kakuhle ukuba ndinguSango.

**(UGoqo noLongo bayahamba).**

**USango :** Oo ! Le ndoda ivukile !
Ukuvuka kwayo kububutshaba kum,
Kuba ngeempembelelo zayo iza kulwenzakalisa uzuko lwam.
Ndiza kudelwa ndingamanyelwa xa ndithethayo.
Ukuphila kwethu sobabini akunakundilungela

Kuba ivukile nam ndivukile.
Ukuze kulunge kum mayife le ndoda.
Ndiza kuyilalisa, ndiyibulale ilele.

**(USango uya kwaDwala).**

## UMBONISO V

(USango ufika kwaDwala.)

**USango:** Nkqo !

**UDwala:** Ngaphakathi !

**USango (Engena):** A ! Dosini !

**UDwala:** Hee !—Ngxatsho ke Dubane ! Uze kuqabelisa lowa mcimbi wethu wayizolo ?

**USango:** Ewe, kodwa andizanga ngobubi ndize ngobuhle.

**UDwala:** Ewe, intle le nto kuba uze wedwa, wandifumana ndindodwa. Ngoko ke siza kuwuqabelisa kakuhle lo mcimbi kungekho bani uza kusiphazamisa.

**USango:** Ndive kakuhle Dosini, ndithetha ukuthi ububi obuphakathi kwakho nam masibuselele ngokuthetha nangokuvana njengamadoda.

**UDwala:** Mna ngokwam ukubona ndithi ububi obuphakathi kwethu siya kuthi ukuze sibuselele sisebenze kuqala.

**USango:** Sisebenze ntoni ?

**UDwala:** Sisebenze umsebenzi wegazi—silwe.

**USango:** Yile nto ndingayifuniyo kanye ke leyo.

**UDwala (Ethabatha intonga yakhe):** Yile nto ndiyifunayo kanye ke mna.

**USango:** Ndiyadana ke Dosini xa uthetha ngolu hlobo kuba apha kule lali ndikuthabatha njengendoda engqondo ikrelekrele. Ukuselela ububi luphawu lobukrelekrele bengqondo. Xa nditshoyo ke mfo kaQondo ndithetha ukuthi ayifani nawe le nto uyenzayo.

**UDwala:** Kungcono undithabathe njengendoda engqondo ingqukuva kunokuba siwuyeke lo mcimbi singawuqabelisanga.

**USango :** Mfo kaQondo, ndize ngobuhlobo kuwe.

**UDwala :** Ubuhlobo oze ngabo abusithinteli ukuba siwuqabelise lo mcimbi.

**USango :** Masithethe sivane.

**UDwala :** Andisayi kuze ndivane nexoki.

**USango (Enika uDwala imali) :** Ngeli shumi leeponti ndithi ingxabano yethu yayizolo yilibale.

**UDwala :** Andifuni mali yakho. Imali ayisayi kuyiphelisa ingxabano, endaweni yokuyiphelisa iya kuyandisa.

**USango :** Kulungile ke mandikunike eliya thokazi lam lintsundukazi kuthiwa nguWolinji, siyiselele le nto.

**UDwala :** Andifuni nkomo yakho. Elona xabiso lingcono lokuthenga ubutshaba ligazi. (**Esondela ngoSango**) Ngoko ke, mfo kaMlenze, ndithi masisebenzane egazini.

**(Umbetha ngentonga).**

**USango :** Ha-ayi ! Yho-o ! **(Uyabaleka).**

## INDIMA III

### UMBONISO I

(UNothembile noGoqo endlwini kwaGoqo.)

**UNothembile :** Ayikapheli na le mbizo yenu 'se kaNtusi ?

**UGoqo :** Utsho ngokuba kutheni ?

**UNothembile :** Ndibona kuba ngasa niphathelele komkhulu, kube ngasa niphathelele komkhulu.

**UGoqo :** Kaloku Nothembile, embizweni ibandla lifikelele esigqibeni sokuba umzi mawurume imali engangesheleni, esisicamagusho. Besiqokelela loo mali ke, mna noLongo.

**UNothembile :** Ewe, kanene ubundixelele. Kuxa niphi ke ngoku ? Gxebe seniyihambe yonke ilali ?

**UGoqo :** Siyihambe yonke ilali kunjalo nje irume yonke ngaphandle kukaDwala.

**UNothembile :** Uthini uDwala ?

**UGoqo :** UDwala akuvumi kuruma.

**UNothembile :** Uthi kutheni ?

**UGoqo :** UDwala akasamkeli isigqibo sebandla.

**UNothembile :** Kutheni ?

**UGoqo :** Uthi sisigqibo sobudenge, yena ulumkile.

**UNothembile :** Into ke leyo engabangela ukuba angarumi kurunywa ?

**UGoqo :** Ewe, uthi thina madoda ale lali siziziyatha ngokuvuma ukukhohliswa nguSango.

**UNothembile :** Niyisephi ke imali eniyiqokeleleyo ?

**UGoqo :** Siyinik' uSango kaloku, ixhwele lale lali.

**UNothembile :** O, nimxelele ke uSango ngokwala kukaDwala ukuruma ?

**UGoqo :** Ewe, simxelele.

**UNothembile :** Utheni ke uSango ?

**UGoqo :** Umsongele.

**UNothembile :** Uthini ukusonga kwakhe ?

**UGoqo :** Uthi lo nyaka uza kuphela kusithiwa : " Umzi kaDwala owawulapha waya ngaphi na ? "

**UNothembile :** Utsho ?

**UGoqo :** Ewe, utsho. Kodw' uzungayithethi loo nto, andifuni kuxabana nexhwele mna.

**UNothembile :** Ewe ndiyaqonda, Nziphazi. Kodw' uDwala lo uzixabanisa ngani nexhwele ? Yisheleni enantoni le kubonakala ukuba kuza kutshabalala ubomi ngenxa yayo ? Kwo ! Eyona nto imbi akukho namntu uza kumcebisa kuba nalowa mkakhe usuk' ab' enambith' int' engabonwayo !—Nkqi ukutheth' int' evakalayo !

## UMBONISO II

(UNothembile ongumkaGoqo noNozenzile ongumkaDwala endlwini kwaDwala.)

**UNothembile :** Hi mfazi, ukhe waziva iindaba zembizo ebikomkhulu izol' elinye ?

**UNozenzile :** Hll-mtqa-a !—Hayi, andikhange ndive ndaba.

**UNothembile :** Ee ! Mfazindini ! Utheth' ukuthi le ndoda yakho ayikuhlebeli nto, amadoda ebahlebela nje abafazi bawo ?

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Kaloku le yakuthi indoda ayi ndihlebeli nto.

**UNothembile :** Akukhange uyibuze ?

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a ! —Ndiyibuze ? —Ndayincama mntwa' kaNjeke, kuba ukuba ndiyayibuza ndizincazel' ingxabano.

**UNothembile :** Ndiyakuvela mfazindini, wendele esimangeni sendoda—indoda engamhlebeliyo umfazi wayo.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Asinakunceda mfazindini. Kweli lizwe libunjwa, liphathwe ngengqondo nangelizwi

lendoda thina bafazi asinamandla. Kuyimfuneko ke ngoko ukuba sizithobe phantsi kwesandla sendoda.

**UNothembile:** Uyalahleka Nozenzile. Xa uthetha ngawe nale ndoda yakho ingqondo ingqindilili musa ukuziquma ngokuthi: 'Asinakunceda....thina bafazi asinamandla.. Kuyimfuneko ke ngoko ukuba sizithobe phantsi kwesandla sendoda,' yithi: 'Andinakunceda....mna mfazi andinamandla....kuyimfuneko ke ngoko ukuba ndizithobe phantsi kwesandla sale ndoda,' kuba thina siyahletyelwa ngawethu amadoda. Nangoku mna ndihletyelwe into enkulu yeyam indoda.

**UNozenzile:** Hll—mtqa-a !—Nangale ndlela uyikhupha ngayo intetho yam ukwanyanisile, kuba eneneni kuyinyaniso ukuba yeyam le ndoda ingandihlebeliyo.

**UNothembile:** Hi Nozenzile ! Akunantloni ukuthi 'Akunakunceda....akunamandla....,' utsho indoda uhlala nayo endlwini, ungumfazi wayo ?

**UNozenzile:** Hll—mtqa-a !—Kaloku ndingumfazi.

**UNothembile:** Ke ?

**UNozenzile:** Hll—mtqa-a !—Amandla akalingani nawendoda.

**UNothembile:** Into eyenzani ke leyo ?

**UNozenzile:** Hll—mtqa-a !—Andinamandla okuyibetha xa ingandihlebeliyo.

**UNothembile:** Kweli lakho ulithethayo uthi: 'Akunamandla okuyibetha xa ingakuhlebeliyo ?,' nathi asiwabethi amadoda ukuze asihlebele, kodwa ayasihlebela.

**UNozenzile:** Hll—mtqa-a !—Niwathini nina ukuze anihlebele ?

**UNothembile:** O ! Mfazindini ! Ngaba nene-nene usiswele nyani na eso sipho siyinyhweba kuye nawuphi na umfazi wendoda ?

**UNozenzile:** Hll—mtqa-a !—Sisipho sini na eso ?

**UNothembile:** Sisipho sokufunda wazi ingqondo yendoda yakho ukuze ukwazi ukuyibamba ngengqondo.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—H-hayi ! Ndisiswele mna eso sipho ntombi yomntu.

**UNothembile :** Kwowu ! Useshweni ke ntombi kaNyathi ! Ukuba akunaso esi sipho ukwenda kuza kuqhuba kuqhube kukunzimele.

**UNozenzi'e :** Hll—mtqa-a !—H-hayi ! Ngokwenene ndiseshweni ntombi kaNjeke.

**UNothembile :** Oyena ndoqo ndingaye apha kukuhlebela into.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Yintoni ?

**UNothembile :** Ungandenzi tana, nam ndihletyelwe yilaa ndoda yakuthi.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Ewe.

**UNothembile :** Ndize kukuvusa.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Ewe.

**UNothembile :** Wena ke vusa indoda yakho.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Ewe.

**UNothembile :** Ndivile ukuba indoda yakho iphum' ecaleni kwimbizo ebikomkhulu izol' elinye.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Iphum' ecaleni njani ?

**UNothembile :** Ayisamkelanga isigqibo sebandla.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Isigqibo sini ?

**UNothembile :** Isigqibo sokuba umzi nomzi mawurume isheleni kunikwe uSango, ixhwele elisebenza le nto iphezulu kule lali yethu.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Ewe.

**UNothembile :** Ndivile ukuba indoda yakho ayanelanga kwala isigqibo, ithuke amadoda yathi aziziyatha, yaza yathuka nexhwele yathi lingumkhohlisi.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Imbi loo nto.

**UNothembile :** Ingaphezulu kokuba mbi, ikukufa, kuba ndivile ukuba ngoku nisengozini yokufa.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Sisengozini yokufa njani ?

**UNothembile :** Ndivile ukuba ixhwele lisongile.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Lisongile ?

UNothembile : Ewe, ndivile ukuba lithi lo mzi liza kuwubhubhisa tu.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Liza kuwubhubhisa tu ?

UNothembile : Ewe, ndivile ukuba lithi uya kuthi uphela lo nyaka kube kusithiwa ngalo mzi : ' Umzi owawulapha waya ngaphi na ? '

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Yeha ke !

UNothembile : Mna ndiyakucebisa ukuba uvuse indoda yakho.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Ndiyivuse njani ?

UNothembile : Yibonise ingozi enikuyo xa ingasamkeliyo isigqibo sebandla.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Ewe.

UNothembile : Apha emhlabeni kukho ubulumko obubuyatha nobuyatha obubulumko.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Njani njalo ?—Ubulumko bungabubuyatha, buze ubuyatha bube bubulumko ?

UNothembile : Yiva kaloku ndikuxelele.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Qhuba.

UNothembile : Kukho amaxesha ekufuneka uthi ulumkile nje ube sisidenge.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Ndicacisele.

UNothembile : Fan' ukuba indoda yakho icing' ukuba yenz' ubulumko ngokwala ukuruma isheleni.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Ewe.

UNothembile : Yiqonondise ubuyatha ebenzayo ngokwala ukuruma imalana engangesheleni,—ubuyatha obuya kuba ngunobangela wokufa kwalo mzi.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Ndiyakuva.

UNothembile : Makungafi umzi ngento yangabom.

UNozenzile : Hll—mtqa-a !—Ndokha ndizame ukucebisa.

UNothembile : Ndiyahamba ke ngoku.

UNozenzile : Hll—mtqa-a—Kulungile wethu, ndiyalibulela icebiso lakho. **(Uyahamba uNothembile).**

## UMBONISO III

UNozenzile noDwala endlwini kwaDwala.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Bekuxoxwa ngantoni embizweni ebikomkhulu izol' elinye ?

**UDwala :** Uza kusebenza ntoni ngaloo nto wena ?

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Khawundihlebele.

**UDwala :** Akoyiki ukuthetha loo nto kum ?

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Abanye abafazi bayahletyelwa ngamadoda abo.

**UDwala :** Mna ke andingawo lawo madoda, kwaye ngaphezulu ungakhe uphinde undibuze into yamadoda. Into yamadoda yinto yamadoda, wena ungumfazi.

**UNozenzile :** Hll—mtq-a !—'Se kaFolo, phulaphula ndikuhlebele into.

**UDwala :** Ndiyindoda, andifuni hlebo.

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Sisengozini yokufa.

**UDwala :** Ndithe andifuni hlebo !

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Kuthiwa uSango usisongele.

**UDwala (Ngomsindo) :** Nozenzile ! Ungenwe yimpambano yale lali ?

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Kuthiwa uSango uthi uza kuwubhubhisa tu lo mzi.

**UDwala (Esukuma enomsindo) :** Heyi wena ! Thula tu !

**UNozenzile :** Hll—mtqa-a !—Ndikuxelel' ingozi esikuyo.

**UDwala (Esonda ngoNozenzile) :** Into endiyaziyo wena ungumfazi mna ndiyindoda. **(Embetha ngempama)** Andizi kuva ngawe aph' emzini wam !

**UNozenzile :** O ! Hay' okwam !—Yho-o !

**UDwala (Ngomsindo) :** Andizi kuphathwa nguwe aph' emzini wam !

**(Uyaphuma uDwala).**

**UNozenzile :** Ndingakunyamezela ukuzithoba phantsi kwesandla sendoda, kodwa andinakuzithoba phantsi kwesandla sokufa. Xa kunje ndiyoyisakala ke mna kukwenda.

Andizi kuhlala ukufa ndikubona ukuba kufikile. **(Ebeleka umntwana)** Folo, beleka mntwan' am sihambe. Noko ndisenekhaya !

**(UNozenzile uyasaba kunye nomntwana).**

## INDIMA IV

### UMBONISO I

(USilinga, uMdeni noNtuku, amaphakathi akomkhulu ecaleni kobuhlanti komkhulu.)

**USilinga :** Kuyinyaniso na oku kuthetha ndikuvayo ?

**UMdeni ?** Okuphi ?

**USilinga :** Kuvakala ukuba uSango uthi uza kubulala uDwala ngenxa yokuba emthukile.

**UMdeni :** Kungayinyaniso Jola, kuba ngaleya mini yembizo uSango kwakubonakala ukuba unomsindo, kubonakala ukuba, ngabula yena, wayeza 'kumenz' int' ibonwe ngamehlo ' uDwala ukuba kwakunganqandwanga.

**USilinga :** Kodwa Mhaga !—Wayeza kukhul' exhuma kuleya ndoda. Ndimjongile nje mna uDwala ukulwa kungumqa kuye !

**UNtuku :** Khanime ndinixelele inyaniso ngala madoda nithetha ngawo. Mna la madoda ndiwazi kwasebukhwenkweni, ndikhula kunye nawo. UDwala njengokuba nanimva nani, ukhuthele nene-nene emsebenzini wegazi ; uSango yena ukhuthele nje ngomlomo. Nangoku ukuba babevuliwe naniza kubona umhlola ukujuba isiduli kwendoda ingalwanga.

**UMdeni :** Awu ! Kanti wayeqobisa ngokuya wayesithi ' uza kumsebenz' egazini ' uDwala ?

**UNtuku :** Ewe, likakade lakhe ukuqobisa. Yena uligwala lenene. Oko kumbulala athi uza kumbulala uthetha ukumbulala ngamayeza.

**USilinga (Esalama oSidima noZiki noSizo besiza) :** Tyhini ! Ngabaphi na aba bantu bezayo batsho ngezinxibo ezingaqhelekanga ?

**UMdeni (Ekhangela kuSilinga) :** Baphi ?

**USilinga (Emalathisa) :** Nabaya besiza benxibe iilokhwe ezinde, begungxile.

**UMdeni (Ebabona naye) :** Tyhin' ! Ngabaphi kakade ?— Kunjalo nje bez' apha.

Kufika uSidima noZiki noSizo, baze befake iminwe ezindlebeni zasekunene bathethe kunye bathi : Va ! Ve ! Vi ! Vo ! **(Besusa iminwe ezindlebeni)** Vule-eka ! **(Bebhekisa emaphakathini)** A ! Bahlekazi !

**Amaphakathi ;:** Ewe-e !

**USilinga :** Anga avela kude amadoda la, niphumaphi banumzana ?

**USidima :** Nkosi yam, okunene sivela kude, phesheya kolwandle.

**USilinga :** Nivela phesheya kolwandle ? Ukwenjenj' oku ?

**USidima :** Nkosi yam, ukwenjenj' oku sizise udaba.

**USilinga :** Nizise ludaba luni ?

**USidima :** Sizise udaba olulusizi nolumnandi.

**USilinga :** Ludaba olulusizi nolumnandi njani ?

**USidima :** Ludaba olulusizi kuba lungokufa kwamaMpondomise ; ludaba olumnandi kuba lungokuphila kwamaMpondomise.

**USilinga :** Cacisa.

**USidima :** Sise enkosini, sicacise phambi kwenkosi.

**USilinga :** Aninakububona ubuso benkosi ngaphandle kokuba nicacise kuqala.

**USidima :** Asizi kucacisa. Ukuba asinakububona ubuso benkosi sikhululeni sihambe. Kodwa maze nazi ukuba ubutyala bobubi obuza kuhlela amaMpondomise buya kuba phezu kwenu nina madoda amakhulu asemaMpondomiseni.

**USilinga :** Khanikhwelele nenjenjeya.

**(Ubalathisa esinye isikhundla).**

(USidima noZiki noSizo bathabatha esinye isikhundla esithe qelele kwesamaphakathi.)

**USilinga :** Mna manene ndithi la madoda masiwakhulule ahambe ngoxolo.

**UMdeni :** Siwakhulule ahambe, singaluvanga udaba aluzisileyo ?—Siya kunxunguphala !

**USilinga :** Mna ndithi kusilungele ukuba singaluva olu daba kuba engekafiki la madoda besizonwabele, ngoko ke andiboni sizathu sakunxunguphala ekumkeni kwawo.

**UMdeni :** Uthini na Jola ? Uthi masibone sesisenzakala, —kuba kukho ingozi ethukuzayo ngalo mbandela awuthethayo la madoda ?

**USilinga :** Umbandela othini ?

**UMdeni :** Umbandela othi : ' Kodwa maze nazi ukuba ubutyala bobubi obuza kuhlela amaMpondomise buya kuba phezu kwenu nina madoda amakhulu asemaMpondwemisseni ?

**UNtuku :** Ndingakubeth' emlonyeni Mhaga : Mandenjenje kuwe Jola : Xenikweni umntu eva ulure lokuba usengozini loo mntu akanakonwaba de ave uhlobo lwengozi akuyo nendlela angasinda ngayo, ewe, akanakonwaba de abe usindile kuloo ngozi. Lilonke ke ndithetha ukuthi nathi asinakonwaba de siyazi ingozi esikuyo nendlela esingasinda ngayo, ewe, asinakonwaba de sibe sisindile kule ngozi. Kukho nale nto oma uyiqaphele Jola : loo nto ayenzayo umntu yiyo eba kukudla kuye okanye ibe kukufa kuye.
Ukuba siyawandulula la madoda singaluvanga udaba lwengozi **(kuba ndiyaqiniseka ukuba ludaba olungengozi esikuyo)** aluzisileyo, siya kuzililela xa sibanjwe ngumgibe wengozi, sibe singazi nendlela esingakhululeka ngayo. Ukuba siyawandulula ahambe la madoda inkosi ingazi nto ngawo siya kuba siyaphazama, ewe, siya kuba sizithwalisa ubutyala kananjalo. Masiyazise inkosi ngala madoda, ibe yinkosi ethi makandululwe ahambe ukuba ibona kufanelekile.

**USilinga :** Ndiyaniva manene. Ninyanisile xa nithi masazise inkosi ngala madoda.

**(USilinga uya ebhotwe).**

## UMBONISO II

(USilinga ufika ebhotwe.)

**USilinga (Engena ebhothwe) :** A ! Dingeni !

**UDingeni :** Hee !

**USilinga :** Mhle, kukho amadoda angabahambi afikileyo apha komkhulu.

**UDingeni :** Avelaphi ?

**USilinga :** Athi avela phesheya kolwandle.

**UDingeni :** Afuna ntoni ?

**USilinga :** Athi azise udaba.

**UDingeni :** Azise ludaba luni ?

**USilinga :** Athi azise udaba olulusizi nolumnandi.

**UDingeni :** Azise udaba olulusizi nolumnandi ?

**USilinga :** Ewe, athi ludaba olungokufa nokuphila kwamaMpondomise.

**UDingeni :** Ukufa nokuphila kwamaMpondomise njani ?

**USilinga :** Akavumanga ukucacisa, athi afuna ukucacisa phambi kwenkosi.

**UDingeni :** Aphi ngoku ?

**USilinga :** Nangaya ehleli ecaleni kobuhlanti.

**UDingeni :** Yiza nawo kunye noMdeni noNtuku, nikhe niwancine sive udaba aze ngalo apha.

**USilinga :** Ewe, mhle. **(Uyaphuma uSilinga).**

## UMBONISO III

(UDingeni, amaphakathi noSidima noZiki noSizo ebhotwe.)

**USilinga :** Nanga ke mhlekazi la madoda bendithetha ngawo,

**UDingeni :** Qhubani.

**USilinga :** Manene asemzini, nantsi inkosi enithe niyayifuna. Chazani uhambo lwenu, nicacise nodaba enize ngalo apha.

**USidima :** Mhlekazi, nani zikhulu zasemaMpondomiseni, sivela eMeligo, ilizwe elikude phesheya kolwandle. Apha asizanga ngobutshaba, kuphela size ngobuhlobo nangove-

lwano. Sizise udaba olubuhlungu saye sizimisele ukunceda ukuba uncedo lwethu luyamkelwa.

**UNtuku :** Amadoda la ngabahlobo bani apha ezintlangeni, ngobani, izinto zobani ?

**USidima :** Oo !—Aph' ezintlangeni singaBanyibilikisi. Amagama singoKheme noLimi noMomo, iinto zika-Nembe.

**UNtuku :** Oo !—Niphuma sinqeni sinye ?

**USidima :** Kunjalo kanye ke nkosi yam.

**UNtuku :** Nithetha ntethoni ?

**USidima :** Akukho ntetho singayaziyo apha emhlabeni kuba sinobugqi.

**UMdeni :** Olu daba niluthunywe ngubani ?

**USidima :** Olu daba, nkosi yam, siluthunywe yinkosi yethu iShologu lobulungisa.

**UMdeni :** Oo !—kanti nivela kwilizwe lemilingo nobugqi ?

**USidima :** Kunjalo kanye ke nkosi yam.

**UMdeni :** Ngoku ke nithunywe ukuba nize kuxela udaba ?

**USidima :** Ewe nkosi yam, sithunywe ukuba size kuxela udaba sincede nokunceda ukuba uncedo lwethu luyamkelwa.

**USilinga :** Ukuba uncedo lwenu alwamkelwa niza kuthini ?

**USidima :** Nkosi yam, ukuba uncedo lwethu alwamkelwa siza kuhamba, kodwa yonke into enobomi kule lali iza kubhubha.

**UMdeni :** Ngxatsho ke ! Niphambi kwenkosi ngoku, cacisani udaba enize ngalo apha.

**USidima :** Sizise udaba olubuhlungu lokuba le ngingqi yasemaMpondomiseni iza kubhujiswa ngemini yeKilisimesi.

**UMdeni :** Iza kubhujiswa yintoni ?

**USidima :** Kukho ilahle elihamba esibhakabhakeni. Silaphanje sihamba ngomkhondo walo. Ngoku lijinga phezu kwale lali.

**USilinga :** Ekuhambeni kwalo esibhakabhakeni linanto liyenzayo ?

**USidima :** Nkosi yam !—Liyabhubhisa !

**UMdeni :** Liyabhubhisa ?

**USidima :** Liyabhubhisa !—Ukuba belingenzi nto ngesingekho apha. Nangoku njengokuba lijinga phezu kwale lali njc liza kuqhekeka, liwe, libhubhise bonke ubomi kule lali ngemini yeKilisimesi.

**USilinga :** Xa liqhekekayo ke elinye liza kusalaphi ?

**USidima :** Elinye liza kugqithela ngaphambili, liye kutshabalalisa kwenye indawo.

**USilinga :** Ngxatsho ke ! Luncedo luni eniluzisileyo apha ?

**USidima :** Nkosi yam, uncedo esiluzisileyo apha kukuthintela ilahle ukuba lingawi, kukugonya abantu bale lali ukuze bomelele bafane nathi Banyibilikisi, bangafumane bangenwe zizifo.

**USilinga :** Niza kulithintela njani ilahle ukuba lingawi ?

**USidima :** Siza kulithintela ngamandla obugqi ongenakubazi, nkosi yam.

**UDingeni :** Ukuthetha kwala madoda asemzini kuyavakala ezindlebeni zam.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Umcimbi aze ngawo ungobalulekileyo kakhulu —umcimbi wokusindisa ubomi ekutshabalaleni.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Ndibona kufanelekile ke ngoko ukuba ndazise ikomkhulu elindiphetheyo ngala madoda nangomcimbi aze ngawo apha.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Wakhweleleni lowa mzi kwafudukwayo kuwo, lowa wawungokaGila.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Niwanike into edliwayo.

**USilinga :** Nkosi ! Mhle !

**UDingeni :** Sophinda sibonane nawo sakuba sifumene ilizwi elivela eSulenkama.

**USilinga :** Nkosi ! Mhle !

**(Ayaphuma amaphakathi noSidima noZiki noSizo).**

## UMBONISO IV

(UHomba noNdili noJika ; amaphakathi akomkhulu kunye noMdeni noNtuku ecaleni kobuhlanti komkhulu eSulenkama.)

**UHomba :** Khanisiphe ke zikhulu zaseTyira, nikho ngani apha ?

**UMdeni :** Bahlekazi, sithunywe ngumphakathi wekomkhulu eli ; unkosi uDingeni.

**UHomba :** Ewe !—Yintoni embana ?

**UMdeni :** Uthi masize kuxela ukuba kukho amadoda amathathu afikileyo.

**UHomba :** Avelaphi ?

**UMdeni :** Avela kwilizwe elipheshеya kolwandle—enantsikeni—xela—

**UNtuku :** EMeligo.

**UMdeni :** Hee ke !—EMeligo.

**UHomba :** Anjani imbonakalo yawo ?

**UMdeni :** Angabantu abantsundu ngebala ; atsho ngezinxibo ezimnyama, ezima emaqatheni, aza azithi ntshi ngeentsontelo ezikwamnyama ezinqeni. Entloko azithe gungxu ngamalaphu akwamnyama aphela entla kweentshiyi ukuvelisa ubuso.

**UHambo :** Ngamani ubuzwe bawo ?

**UMdeni :** Athi angaBanyibilikisi.

**UHomba :** Afuna ntoni ?

**UMdeni :** Athi azise udaba olulusizi nolumnandi.

**UHomba :** Udaba olulusizi nolumnandi njani ?

**UMdeni :** Athi azise udaba olungokufa nokuphila kwamaMpondomise.

**UHomba :** Ukufa nokuphila kwamaMpondomise njani ?

**UMdeni :** Athi kukho ilahle elijinga phezu kwelali yaseTyira.

**UHomba (Emangalisiwe) :** Kukho ilahle elijinga phezu kwelali yaseTyira ?

**UMdeni :** Ewe, athi liza kuwa litshabalalise yonke into enobomi ngemini yeKilisimesi.

**UHomba :** Athi makuthiweni ke ?

**UMdeni :** Athi azise uncedo ukuba luyamkelwa.

**UHomba :** Ewe ?—Zinkulu ezi ndaba ! Kuya kulunga sazise inkosi. **(UHomba uya ebhotwe).**

## UMBONISO V

(UHomba ufika ebhotwe.)

**UHomba : (Engena ebhotwe) :** A ! Manzomlambo !

**UManzomlambo :** Hee !

**UHomba :** Mhlekazi, kukho amadoda amabini avela eTyira.

**UManzomlambo :** Athini ?

**UHomba :** Athi athunywa ngumphakathi wakokwethu u-Dingeni.

**UManzomlambo :** Ewe.

**UHomba :** Aze kuxela ukuba kukho amadoda amathathu afikileyo.

**UManzomlambo :** Ewe.

**UHomba :** La madoda avela kwilizwe elikude phesheya kolwandle.

**UManzomlambo :** Afuna ntoni ?

**UHomba :** Athi azise udaba lokufa nokuphila kwama-Mpondomise.

**UManzomlambo :** Ukufa nokuphila kwamaMpondomise njani ?

**UHomba :** Athi kukho ilahle elijinga phezu kwelali yase-Tyira.

**UManzomlambo (Emangalisiwe) :** Athi kukho ilahle elijingayo ?

**UHomba :** Ewe, athi eli lahle liza kuwa elalini yaseTyira, litshabalalise yonke into enobomi ngemini yeKilisimesi.

**UManzomlambo :** Abathunywa abo bapheni into edliwayo nibanike nendawo yokulala, sobonana nabo ngomso.

**UHomba :** Mhlekazi ! **(Uyaphuma uHomba).**

## UMBONISO VI

(UManzomlambo, amaphakathi aseSulenkama nabathunywa baseTyira, uMdeni noNtuku ebhotwe.)

**UHomba :** Sicela kwakuni ke zikhulu zaseTyira ukuba nisiphakele kokwayizolo.

**UMdeni :** Mhlekazi, nani zidwangube zakokwethu kwami, sithunywe ngumphakathi wakokwethu apha, unkosi u-Dingeni, ukuba size kuvakalisela ikomkhulu eli ngamadoda amathathu afikileyo.

**UNdili :** Kanene la madoda avelaphi ?

**UMdeni :** La madoda, zinkosi zam, athi avela enantsikeni —ndiyakhohlwa mna—Xela—.

**UNtuku :** EMeligo.

**UMdeni :** He ke !—EMeligo zinkosi zam !—kwilizwe elikude phesheya kolwandle.

**UJika :** Athi akho ngani apha kweli lizwe ?

**UMdeni :** Athi azise udaba olulusizi nolumnandi,—udaba olungokufa nokuphila kwamaMpondomise.

**UHomba :** Singa ke, zikhulu zaseTyira, ningasityebisela nisicacisele kananjalo ngokuthetha konke enikubonileyo nenikuvileyo,—ludaba olungokufa nokuphila kwamaMpondomise njani ?

**UMdeni :** Oo ! —le nto inje zinkosi zam. La madoda athi kukho ilahle elijinga phezu kwelali yaseTyira. Athi eli lahle liza kuwa litshabalalise bonke ubomi obukwilali yaseTyira ngemini yeKilisimesi.

**UNdili :** Kanene la madoda angabahlobo bani ?

**UMdeni :** Athi angaBanyibilikisi.

**UNdili :** Athetha ntethoni ?

**UMdeni :** Asinakuyazi intetho yawo kuba intetho yaso nasi-

phi na isizwe afika kuso ayazi engayifundanga engayifundiswanga kunanjalo—ayazi ngobugqi. Nangoku athe phambi kokuba athethe enza imilingo yobugqi.

**UNdili :** Ngoku ke athetha isiXhosa ngobugqi ?

**UMdeni :** Ewe, athetha isiXhosa ngobugqi.

**UNdili :** Ngumhlola !

**UHomba :** Phofu ilahle eli athetha ngalo niyalibona yini ?

**UMdeni :** Hayi, asiliboni.

**UHomba :** Nithi likho nyani ke ?

**UMdeni :** Asinakuba nabunganga bokuthi alikho mhlawumbi likho kuba lawa madoda aphuma kwilizwe lobugqi,—abona ngobugqi, athetha ngobugqi, enza ngobugqi.

**UJika :** Kanene benisithi la madoda azise udaba noncedo ?

**UMdeni :** Ewe, kunjalo.

**UJika :** Azise luncedo luni ?

**UMdeni :** Athi aza kuthintela ilahle ukuba lingawi, nathi asigonye somelele sifane naBanyibilikisi.

**UManzomlambo :** Maze nenjenje ke ukuthetha kumntwa' kabawokazi.

**UHomba :** Nkosi !

**UManzomlambo :** Ndiyabulela ukundazisa ngabahambi abo nomcimbi abawuhambeleyo.

**UHomba :** Nkosi !

**UManzomlambo :** Ngokubhekiselele kumcimbi enize ngawo lithi ikomkhulu eli : Gqalani ukuhamba kwabo, gqalani ukuthetha kwabo, gqalani ukuhlala kwabo, nize nenze ngokuqiqa nangokuqonda.

**UHomba :** Nkosi ! Mhle !

**(UMdeni noNtuku bayahamba).**

## UMBONISO VII

(UDingeni namaphakathi ebhotwe eTyira.)

**USilinga :** Manene akokwethu, sidibene apha kunye nenkosi ukuze sive ingxelo kula madoda avela kwikomkhulu lamaMpondomise onke, eSulenkama.

**UMdeni :** Mhlekazi, nani mawethu, okunene sihambile saya kufika eSulenkama, sachaza ngokomyalelo wenkosi yethu le. Emva kwemibuzwana phofu engathe gu bucala kuleyo besikhe sayenza ekungcambaziseni kwethu nabahambi aba ngendawo abangayo apha, inkosi iphendule ngelithi iyambulela umhlekazi lo ngokuyazisa ngabahambi aba ; yaza ngokubhekiselele kumcimbi ebesiye ngawo yaphendula yathi masigqale ukuhamba kwabo, sigqale ukuthetha kwabo, sigqale ukuhlala kwabo, size senze ngokuqiqa nangokuqonda.

**UDingeni :** Ngxatsho ke ! Nilivile ilizwi elivela eSulenkama, nithini ke ?

**USilinga :** Mhlekazi, mna ndiyaxakeka ngoku, ekuxakekeni kwam ndifikelela esigqibeni esithi la madoda makandululwe ahambe ngoxolo.

**UMdeni :** Uthini na Jola ?—Uthi uyaxakeka ?

**USilinga :** Ewe, ndithi ndiyaxakeka.

**UMdeni :** Kodwa uxakekile nje kwawena ufikelela esigqibeni ?

**USilinga :** Ewe.

**UMdeni :** Ndiyakunqanda Jola. Mus' ukufikelela sigqibeni uxakekile, kuba xenikweni umntu afikelela esigqibeni exakekile nesigqibo asenzayo sesixakisa ngakumbi.

**USilinga :** Mandithini ke ?

**UMdeni :** Zola uzikise ukucinga.

**UNtuku :** Uxakwa yintoni Jola ?

**USilinga :** Ndixakwa lilizwi elivela eSulenkama, ilizwi elithi masigqale ukuhamba kwabo, sigqale ukuthetha kwabo, sigqale ukuhlala kwabo, size senze ngokuqiqa nangokuqonda.

**UNtuku :** Kanti wena ubulindele lizwi lini ?

**USilinga :** Mna bendilindele ilizwi eliwamkelayo okanye eliwachasayo la madoda.

**UNtuku :** Ikomkhulu laseSulenkama lihlabe likhangele xa lithetha ngolu hlobo. Kaloku liyazi ukuba umhlekazi lo

ngokulazisa ngala madoda afikileyo ebesenza imfanelo kungengakuba uxakiwe yinto amakayenze.

**USilinga :** Nazo ke izimvo zethu mhlekazi.

**UDingeni :** Ngxatsho ke ! Nithini lilonke ?

**UMdeni :** Mhlekazi, nani manene akokwethu, mna andiboni sizathu sokuba la madoda angamkelwa. Xenikweni umntu angabonakalisi lugonyamelo ekuthetheni nasekwenzeni kwakhe akukho sizathu sakumrancla bubi. Anjalo ke la madoda. Akukho lugonyamelo ekuthetheni nasekwenzeni kwawo. Lilonke ke ndithi la madoda masiwamkele, asisindise, siphile.

**UNtuku :** Ngokupheleleyo la madoda aze kusinceda. Kumiselekile ke ngoko ukuba sife ngokwala uncedo okanye siphile ngokwamkela uncedo. Lilonke ke nam ndithi masamkele uncedo siphile.

**UDingeni :** Ewe, masilwamkele uncedo.

**ISilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Kufuneka abantu bale lali badibane apha ngomso.

**USilinga :** Mhlekazi !

**(Ayaphuma amaphakathi).**

## INDIMA V

### UMBONISO I

(UDingeni, amaphakathi, ibandla noSidima noZiki noSizo enkundleni komkhulu eTyira.)

**UMdeni:** MaMpondomise, uninzi lwethu xa lubona kusisa kusihlwa lusaphila luyalibala ukuba apha emhlabeni kukho iingozi, neentshaba, kukho ukuhleka nokulila, ewe,—kukho ukuphila nokufa. Ukuba ubani unokuzinakana ezi zinto ndizikhankanyayo angandingqinela xa ndithi kweli phakade lombona namazimba sisedabini lobumnandi nobubi. Namhlanje apha phakathi kwethu nibona amadoda eningawaziyo. Ndiyanicela ukuba maze niyibekele iindlebe into aza kuyithetha. Azise udaba olulusizi nolumnandi—udaba olungokufa nokuphila kwamaMpondomise. Azise uncedo ekufuneka silwamkele ukuze siphile.

**USidima:** Mhlekazi, nani maMpondomise amahle, musani ukuthi nqa kukubona abantu eningabaziyo. Thina sizizithunywa zeShologu lobulungisa elizonda ukuphila nokonwaba koluntu emhlabeni.
Namhlanje nithi kusele iintsuku ezisixhenxe phambi kokuba kufike usuku lweKresmesi. Elowo nalowo ulindele ngolangazelelo ukufumana olo suku lokonwaba. Ukanti !—ukuba benisazi maMpondomise !—Ngenikhala nizibhijabhije ! Kuba ngalo olo suku nicinga ukuba lolokonwaba kuya kuqhuzuka ilahle esibhakabhakeni, litshabalalise yonke into ephilayo kule lali yaseTyira ! Kodwa ke ukuba niyavuma inkosi yethu inilungisele usindiso nolonwabo ngokusithuma kwayo apha.
Silapha nje sizise uncedo nolonwabo. Size kuthintela ilahle ukuba lingaqhuzuki liwele le lali. Size kunyibilikisa, oko

kukuthi size kusebenza abantu bale lali ukuba bomelele, bangangenwa zifo,—bafane nathi Banyibilikisi. Elokugqibela ke ndithi maMpondomise ! Law' ilahle ! Yamkelani usindiso !

**UNtamo :** Uxolo zidwesha ! Ndiza kukhe ndenjenje kwezi nkosi zasemzini : Ngaba eli lahle liyabonakala na phaya esibhakabhakeni ? Ukuba liyabonakala ndicela ukwalathiswa kuba oko ndithe ndeva kuthethwa ngalo ndisilongalongile isibhakabhaka emini nasebusuku kodwa andikade ndilibone. Ukuba ke alibonakali ndicela inkcazelo yokungabonakali kwalo.

**USidima :** Siyayithakazelela imibuzo yenu xa sukuba ningaqondi kuba yakuba iphendulwe sithemba ukuba buya kushenxa ubumnyama kukhanye. Nanjengokuba singezanga ngabuqhophololo asinaluvalo kuba into esiyizisileyo luncedo ukuba niyalwamkela. Ukungalwamkeli kwenu uncedo akusayi kusikhathaza nakancinane, kuba eyethu inxaxheba kwintlalo-ntle yenu siya kuba siyifezile siluzisile nje udaba noncedo. Mandibuye ke ndize embuzweni wakho : Ilahle eliya ulibuzayo, mnumzana, alibonwa nangubani na, libonwa sithi Banyibilikisi, ngobugqi.

**UGoqo :** Mawethu, ndingathi sibe nethamsanqa ukufikelwa ngala madoda sisengozini yokubhubha singazi. Umntu ophilileyo engqondweni uyalulangazelela uncedo, umntu obuthakathaka engqondweni uyalubaleka uncedo. Masamkele uncedo siphile.

**ULongo :** MaMpondomise, masingathandabuzi sixelelwa ngembubho ezayo.

Sesikhe sawubona umnyama welanga ;
Sesikhe sawubona umnyama wenyanga ;
Sesikhe sayibona inyikima yomhlaba,
Sawuva umhlaba ungcangcazela.
Ukuba ezi zinto bezinengozi
Besinokulwala na uncedo ?
Ngaba sithandabuzela ntoni na

Xa sixelelwa ngengozi esikuyo ?
UMasivume sisindiswe.

**Dwala :** Hi awu !—obu bono benyama !—
Bungazi khatshakhowa nasidwangube !
Buyalonakalisa uzuko lomntu !
MaMpondomise ! Unoyolo umntu
Ofa ekholose ngengqiqo nangenyaniso,
Kuba ufa izenzo zakhe
Ziewangciswe ngengqiqo nangenyaniso.
Uzuko lwakhe olungavanganiswe
Nezenzo zobono benyama,
Luqaqamba ngobumbejembeje ;
Kuba unqanyulwe kubo ubono benyama.
MaMpondomise ! Niyakoyika na ukufa ?
Ndiyayazi impendulo esezimbilinini zenu,
Ithi : ' Siyakoyika,'
Ukuba bekungenjalo ngendisithi :
Yekani ilahle lisigximfe sife !

**UMdeni :** Lo mbuzo wakho ugwenxa kunjalo nje awufanelanga kuphuma emntwini onenyama negazi nengqondo. Sineentsapho neemfuyo, asingekhe ke ngoko sizinikele ekufeni nako konke esinako.
Sinebhongo ngobukho bethu,
Sinebhongo ngobuzwe bethu ;
Sinegugu ngelizwe lethu ;
Siyawathanda la mazimba ;
Siyawubuka lo mhlaba ;
Sonwabile kweli phakade,
Asingekhe silincamele esingalaziyo.
Masisinde nako konke okukokwethu.

**UDingeni :** Iindlebe zenu mazingabetha-bethani mzi kaNgwanya !. .

**USilinga :** Nkosi !

**UDwala (Ecaleni) :** O !—Hee ke !—Inkosi mayibachase aba bakhohlisi !

**UDingeni :** Siluvile udaba oluzisiweyo.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Siyayazi ingozi esikuyo.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Makungabikho mpikiswano.

**USilinga :** Nkosi !

**UDingeni :** Masamkele uncedo siphile.

**USilinga :** Nkosi ! Mhle !

**UDwala (Ecaleni) :** Nawe na nkosi ?—Kwowu ! Obu bono benyama !—Bungazi khatshakhowa nasidwangube ! Buyalonakalisa uzuko !

**USidima :** Ndiyavuya ukuphawula ukuba niyivile intlabamkhosi ethi : MaMpondomise ! Law' ilahle ! Yamkelani usindiso ! Thina ngelethu icala sizimisele ukuninceda ngako konke okusemandleni ethu. Maze niyiqaphele ke imithetho esiza kuniwisela yona—imithetho eza kuncedisa ekufezekiseni usindiso lwenu.

**UDwala (Ecaleni) :** Nalo ke usindiso lwenu !—' Imithetho esiza kuniwisela yona !'—Yakha yangabikho apho kukho inkohliso ?

**USidima :** Umsebenzi wokusindisa siya kuwuqhuba ngosuku lwesihlanu phezu kwentatyana enguHombe, indawo endiyibona iphangalele kule nyambalala yabantu siza kuyisebenza. Sonke isilo esiyihagu masixhelwe emizini yenu. Konke ukungcola okuphuma ezihagwini makutshayelwe emizini yenu. Sininika iintsuku ezine eniya kuthi ngazo nixhele iihagu zenu, nitshayele konke ukungcola okwenziwa ziihagu emizini yenu. Ngomhla wosindiso wonke umntu maze aphathe inqatha lehagu, alincule ngoluthi. Wonke umntu ukususela emntwaneni ominyaka mine uya kukhupha iisheleni ezimbini ezingumrumo osisicamagusho somphefumlo wakhe.

**UDwala (Ecaleni) :** Nalo ke usindiso lwenu !—' Amanqatha nemali ! '

**USidima :** Lwamkeleni ngeembilini zenu usindiso, ninga-

thandabuzi. Lowo uthandabuzayo uza kuqhuzukelwa yintlantsi imtshise, afe. MaMpondomise ! Law' ilahle ! Yamkelani usindiso !

**UMdeni :** MaMpondomise ! Ndinga singeyilahli le nyhweba siyifumeneyo ngesizathu esincinane—ukungakholwa ! Masiyithobele yonke imithetho esiyiwiselwayo khon' ukuze usindiso lwethu luphumelele.

**(Kuyachithakalwa).**

## UMBONISO II

(UDwala, uLongo noSango endleleni egodukayo.)

**UDwala :** Kufike ezinye iinkuntsela zabakhohlisi ngoku, abodidi olungentla koloSango, iinto zona eziwunduzelisayo ! **(Ebhekisa kuSango)** Akunjalo mfo kaMlenze ?

**USango (Ngomsindo) :** Yihla kum Dwala ! Thina sobabini asisayi kuze siginyane !

**UDwala :** Kanene ubona lo kaLonji. Ukuba ebengekho, sisobabini, ubuza kundinika impendulo ephucukileyo kunale. Kanti ke andixakwanga nangoku, ndingakuhlinza khona ngoku hagundini !

**USango (Ngomsindo) :** Andikoyiki Dwala ! Ukuba uyandifuna yenz' oyenzayo ngoku !

**UDwala (Esonda ngoSango) :** Ndiyakufuna ! Ndiza kukuhlinza hagundini !

**ULongo (Ebalamla) :** Makuthiweni ngani ? Makuthiwe ningamakhwenkwe ?—kuba ke aniziphathanga budoda !

**USango :** Akumv' uDwala ukub' usandithuka nanamhlanje ?

**UDwala :** Mkhohlisindini ! Ndikuxelela ngabany' abakhohlisi !

**ULongo :** Kwakuloo nto yokuthuka abantu abaze kusindeda uthi ngabakhohlisi akulungisi. Uza kutshabalalisa ilizwe kuba ngoku kuthetha kwakho uza kudid' iingqondo zabantu bangalwamkeli uncedo abaluziselweyo.

**UDwala :** Mus' ukuxhala. Aninakudidek' iingqondo e-

kwamkeleni inkohliso kuba isifo senkolelo enkohlisweni singaphakathi emathunjini enu !

**USango :** Uyamva ke ? Okukhona umnqandayo kokukhona agqithisayo ukuthuka !

**ULongo (Ngomsindo) :** Masimyeke ! Masimyeke !

**(ULongo noSango bathabatha enye indlela ephambukayo).**

**ULongo (Esathethela phezulu) :** Kaloku uDwala uzingca ngokuba elumke yedwa apha emhlabeni !

**USango :** Kanti ke ukuba ebesazi ukuba igama lakhe liza kuphela nalo nyaka ngelezililela ngobuyatha bakhe acinga ukuba bubulumko ! **(Bayahlukana).**

## UMBONISO III

(USango endlwini kwakhe.)

**USango :** Banyibilikisi ! Ndiyabubulela ubukho benu, kuba uDwala onichasayo nemisebenzi yenu uza kushenxa phambi kwam ngeyona ndlela ilula eyakha yakho emhlabeni—ukusuka aqhuzukelwe yintlantsi imtshiwe, atshabalale nobulumko bakhe. Lityaphile libekho ilahle ! Bendiza kuba sengxakini yokuthenga umntu ukuba andibulalalele uDwala ngokumdlisa—indlela ke leyo engathembekanga nekwayingozi kum kuba imbilini yomntu ayaziwa. Ngaxa limbi bendiya kuthi ndithenga umntu kanti ndithenga umhlobo kaDwala, aze uDwala ohleli endibawela kakade andixhele ngezandla.

Andithi nguDwala oziphakamisayo na lo ?
Andithi nguDwala ondithobayo na lo ?
Andithi nguDwala ondichasayo na lo ?
Andithi nguDwala ondinyelisayo na lo ?
Andithi nguDwala ondingcikivayo na lo ?
Andithi nguDwala ondithiyileyo na lo ?
Andithi nguDwala osisithintelo empumelelweni yam na lo ?
Ukuba nguye lo makafe !—
Makaqhuzukelwe yintlantsi imtshise, imtshabalalise !

(UNogengile ongumkaLongo endleleni ebheka kwaNtamo.)

UNogengile (**Ebona iihagu kwaNtamo**) Hi bethu ! Nithi abant' aba banantoni ? Kukuthini ukukhaliphel' ukufa ?—Kukh' umnt' osafuy' iihagu namhlanje ? (**Eqhwaba izandla**) Whosh ! Ndokha ndibone !

(Uyafika kwaNtamo kukho uNosongile ongumkaNtamo.)

**UNogengile :** Nkqo !

**UNosongile :** Ngaphakathi !

**UNogengile (Engena) :** Bhota wethu.

**UNosongile :** Ewe-e. Thabatha nanko umahambehlala uhlale.

**UNogengile :** Hayi wethu andizi kuhlala, ndihanjiswa lifuthe loNyibiliko. Ndize kukuxelela ntombi kaSichemfu ukuba mna (**Engqisha phantsi ngonyawo lwenene**) ndinyibilike nomongo lo ! Kuxa uphi wena ? Usenomkra wokufuy' iihagu nokuba ukufa kufikile ? Ezakwam iihagu zixhelwe zontlanu kwa izolo. Ngoku ndigqib' ukuchola amalongo azo. Kanti ezi zilo zingcolisa kangaka ?—Ndithetha mna kuzel' iingxowa ezine ngamalongo azo ! Ukuba nilibele yinqala niyasala ! Kunyibilikiwe aph' elalini ! Ndithetha nje iihagu ziyinyama aph' elalini !—Niyayiqonda nje le nto ?

**UNosongile :** Kaloku eyasekhay' apha indoda ithand' ilizwi layo, ayifuni kuboniswa nakucetyiswa.

**UNogengile :** Tyhini ! Mfazindini ! ungathini ukuhlal' ixesh' elide usisidenge ?

**UNosongile :** Ngokuba ngenditheni ?

**UNogengile :** Ungathini ukuhlal' ixesh' elide nesimanga sendoda ungandixeleli ? Uyaz' ukuba bendisazi ukuba indoda yakho injalo ngekukudala yalungayo ?

**UNosongile :** ' Ngekukudala yalungayo ' njani na ?

**UNogengile :** Ukho uSango xa indoda ingakuviyo.

**UNosongile :** USango owenzani na ?

**UNogengile :** Tyhini ! USango uyayilungisa indoda ithi yokothisi intloko, ive wena.

**UNosongile :** Uyilungisa njani na ?

**UNogengile :** Uyilungisa nge' Yokothwane ' nange'Vamna.' Ukuba akunazo iisheleni ezimbini thabatha isikhukukazi senkuku uye kuye akulungisele indoda yakho.

**UNosongile :** Kudala ndiyikhangele le nto yokungaviwa yile ndoda, ndiza kukhe ndilinge ngeli cebo undithwesa lona.

**UNogengile :** Ukuba igunyile kuSango uze wazi ukuba indoda yakho yabulawa ligqwira lisenzela ukuba kungaze kubekho mvisiswano phakathi kwakho nendoda yakho !

**UNosongile :** Ungatshongo ntombi kaFokotho ! Kuba amagqwira ziinto ezingafuni ntlalo-ntle nalonwabo phakathi kwekhaya !

**UNogengile :** Ewe, kunjalo nje uze wazi ukuba ligqwira elisadla amazimba. Kodwa ukuba uzingisile kuSango nalo uya kuloyisa. **(Uyahamba uNogengile).**

## UMBONISO V

(USango noNosongile endlwini kwaSango.)

**USango :** Uphuma ngaphi Nosongile ?

**UNosongile :** Hayi, ndivel' ekhaya.

**USango :** Ngaba unasikhalazwana ke ?

**UNosongile :** Ewe.

**USango :** Khala.

**UNosongile :** Kulowa mzi ndiphatheke kakubi.

**USango :** Yintoni ?

**UNosongile :** Uyise kaNdotyo akafuni kuva ngam.

**USango :** O, hayi, ilula loo nto. Ndiza kuyilungisa. Kodwa ke unazo iisheleni ezimbini ?

**UNosongile :** Hayi, andinamali, ndize nenkuku. **(Umnika isikhukukazi senkuku).**

**USango : (Esamkela inkuku) :** Camagu !

**(USango uyaphuma ephethe inkuku).**

(USango uyangena kwakhona exwaye itasi.)

**USango (Erola ingcanjana etasini) :** Uyalibona eli yeza ?

**UNosongile :** Ewe, ndiyalibona.

**USango (Emnika) :** Khawulirogole.

(UNosongile uyayamkela ingcanjana ayirogole.)

**USango :** Linuka njani ?

**UNosongile :** Linuka kamnandi.

**USango :** Kuphela ke. Kuza kuba mnandi emzini wakho ukuba ulisebenzise ngokwemigaqo endiza kukuyalela yona.

**UNosongile :** Ewe.

**USango :** Ndinga ungathi kanti uzigqogqile iindlebe zakho phambi kokuba uze apha kuba nina bantu nithi nixelelwe nje nikutyeshele enikuxelelweyo nenze enikuqondayo. Ninomkhwa ombi, umkhwa wokuthi umntu eyalelwe imigaqo amakahambe ngayo xa asebenzisa iyeza asuke ayilahle loo migaqo enze ngengqondo yakhe. Isiqhamo soko ke siba kukungasebenzi kweyeza okanye umntu axakane neyeza, aqale ngoku agxekane nalowo ebemnika iyeza.

**UNosongile :** Ndiya kuhamba ngemigaqo yakho.

**USango :** Phulaphula ke : eli yeza uze ulidibanise nemiphula yeendlebe zakho namathe akho, ulisile libe yintlama. Wakuba wenjenjalo uthabathe ubulongo benkomo ubudibanise nale ntlama yeyeza, uxove ngamanzi, usinde kweliya cala lamadoda. Wonke lo gama ulisilayo naxa usindayo kufuneka uthethe uthi : ' Ntamo, yiva mna ekhay' apha.... Ntamo, yiva mna ekhay' apha.... Ntamo, yiva mna ekhay' apha.... ' Uqhube njalo ke ukususela ukuliqala ukuliphatha ulisebenzisa ude ugqibe ukusinda. Uze ulenze ingekho indoda yakho.

**UNosongile :** Ayikho kungoku.

**USango :** Iyephi ?

**UNosongile :** Iye ngapha kwadade wayo eMbetsa.

**USango :** Ngxatsho ke ! Lithuba lakho eli. Uze ukhawulezise xa ulisebenzisayo eli yeza kuba uya kuthi wakuliphatha ulisebenzisa, isuke ikukhumbule indoda yakho, induluke

ibuye nokuba ibingekacingi kubuya. Ukuba ulisebenzise ngale migaqo ndikuyalela yona, uya kulibona ukusebenza kwalo, liya kuyenza indoda yakho ithande ilizwi lakho, ive wena. Ukuba ufike walisebenzisa waza wathi ekufikeni kwendoda yakho makuxhelwe igusha ethile, liya kutshona namhlanje ixheliwe loo gusha.

**UNosongile (Ephakama) :** Ndisahamba ke.

**USango :** Yima ! Yima ! **(Erola enye ingcanjana etasini).** Nali elinye iyeza.

**UNosongile (Ehlala phantsi) :** O, kusekho elinye kanti ?

**USango :** Ewe. **(Emnika)** khawulume intwana unqunquthe. UNosongile uyayamkela ingcanjana alume intwana anqunquthe.

**USango :** Linjani ?

**UNosongile :** Linencasa.

**USango :** Kuphela ke. Kuza kuba yincasa kuwe ukuhlala kweliya khaya kuba uza kuthetha kome. Indoda yakho iza kuba yindoda ngegama—oyena mntu uza kulawula kulowa mzi nguwe.

**UNosongile :** Lithiwani ke eli xa lisetyenziswa ?

**USango :** Bendiseza kuloo ndawo. Kaloku kuyafuneka ukuba ndikwazise ngezinto oza kuziphawula ekusebenziseni la mayeza. Phulaphula ke. Kuya kufuneka uyigade indoda yakho xa izayo. Wothi ke wakuyibona isiza ungene kule ndlu usinde kuyo ngelokuqala iyeza. Wakuba ungene ke ulume kweli unqunquthe, utshicele ezandleni, uphaqule ubuso. Uphinde ulume unqunquthe, uligcine emlonyeni. Kothi ke ekungeneni kwendoda yakho uyikhangele emehlweni, uthethe nayo kalukhuni, utshintshe ubuso, ungayicengi.

Ukuba neli iyeza ulisebenzise ngale migaqo ndikuyalela yona uya kulibona ukusebenza kwalo. Ukuba indoda yakho ibiqhele ukukukhangela emehlweni ikungxolise, namhlanje iya kuthi yokothisi intloko, ikoyike ukukukhangela emehlwe-

ni. Ewe, namhlanje iya kuguquka ebundlobongeleni ibe mbuna ngokwemvana.

**UNosongile :** Makhe ndihambe ke.

**USango :** Kulungile hamba.

**(Uyaphuma uNosongile ephethe iingcanjana ezimbini).**

**USango :** Ukuba umnqweno wakho awufezekanga ayinam loo nto. Mna ndizuzile. Kakade yinjongo yam ebomini bam ukuba ndiphile ngokusebenzisa ingqiqo. ' Abakhohlisi !—Abakhohlisi ! '—Ewe, Dwala, ungathetha ngokuba kukho abakhohlisi, kodwa ndinga ungaqonda kananjalo ukuba apha emhlabeni asinakuphila ngokunyaniseka sonke. Ewe, Dwala, abakhohlisi mabaphile kunye nabanyanisekileyo.

Xenikweni amadoda ahleli esithebeni senyama akukho ndoda iziqhathayo izisikele esihlunwini likhona inqatha. Ekwazini kwam ukuphila ngokunyaniseka kukuphila ngokubulaleka. Andingekhe ke ngoko ndinyule ukuphila ngokubulaleka kukho ukuphila ngokulula. Bubuyatha ukuphila ngokubulaleka. Ewe, Dwala, ndibize ngokuthi ndingumkhohlisi kunokuba ndiphile ngokubulaleka kuba ndithenga ukuba ndibalelwe kwabanyanisekileyo !

Andiboni naluncedo lwakunyaniseka kakade kweli phakade, kuba nawe lowo Dwala, uza kufa ungazange ufike kule ndawo ndikuyo ! Kodwa uthi wena unyanisekile, uthi mna ndingumkhohlisi ! Eli lilizwe lezilumko (**abakhohlisi ke ngokwakho Dwala**) nezidenge. Izidenge, Dwala, ukuba akukayazi loo nto, lilifa lezilumko !

## UMBONI SO VI

(UNosongile endleleni egodukayo.)

**UNosongile :** Tyhini !—Yini ukuba ndihlale ixesha elide kangaka ndisisidenge (**ngabula Nogengile**)—kanti umncedi ukwalapha ecaleni kwendlu ? Nam mandilifumane eli cham—ndilawule emzini wam. Ewe, Sango, makube

njalo. Mandithethe kome emzini wam. Malitshone elanamhlanje zixheliwe eziya hagu zontathu ! Malitshone elanamhlanje lwamkelekile uNyibiliko emzini wam !

**(Uyafika emzini wakhe angene endlwini).**

(ULongo ufika kwaNtamo eqhuba iihagu zakwaNtamo.)

**ULongo (Ebhekisa kwinkwenkwana ehleli ecaleni kwendlu):** Ndotyo !—Uph' uyihlo ?

**UNdotyo:** Akakho.

**ULongo:** Ngubani okhoyo ?

**UNdotyo:** Ngumama.

**ULongo:** Uphi ?

**UNdotyo:** Nanku endlwini.

**ULongo (Esonda ngendlu):** Nkqo !

**UNosongile:** Ngaphakathi.

**ULongo:** **(Engena):** Molo.

**UNosongile:** Ewe-e.

**ULongo (Ehlala esitulweni sodaka):**. . Iyephi indoda yasekhay' apha ?

**UNosongile:** Iye ngapha kwadade wayo eMbetsa.

**ULongo:** Ithini ngeehagu ezi kuthiwe mazixhelwe ?

**UNosongile:** Ndimjongile nje mna lo mntu 'se kaMnqandani, akayifakanga ntloko le nto yeli lahle kuthiwa liza kuwa.

**ULongo:** Kanti ke xa engayifakanga ntloko le nto makakhuleke iihagu—makangaziyeki iihagu zidakase ilali, kufe abantu abaninzi ngenxa yakhe. Ngoku iihagu zasekhay' apha ziye kungcolisa phaya kwam, emva kokuba uNogengile esebenze nzima etshayela, echolachola ubulongo namalongo eehagu. Ezakwam iihagu ndizixhele kwa izolo. Lilonke ke ndithi makukhulekwe iihagu. Andifuni ntetha.

**(Uyahamba uLongo).**

**UNosongile:** Azizi kukhulekwa, ziza kuxhelwa ! Ndiyazi mna. . . .

Emva kokusinda ngeyeza uNosongile walama uNtamo esiza.

**UNosongile:** Yiwa mthi wam !—Iyeza likaSango ngathi

liza kusebenza ! Uyise kaNdotyo akayi abuyelele kwadade wabo—kodwa namhlanje nanku ebuyelela ! (**UNosongile ungena endlwini asebenzise eyesibini ingcanjana ngokomyalelo kaSango**).

## UMBONISO VII

(UNosongile noNtamo endlwini kwaNtamo.)

**UNosongile (Emkhangele emehlweni uNtamo) :** 'Se kaNdotyo Xhela ezi hagu !—Malitshone elanamhlanje zixheliwe zontathu ezi hagu !

**UNtamo (Emangalisiwe) :** Kutheni Nosongile, ndathi ndingena wabe undiyalela ukuba mandixhele iihagu ?

**UNosongile (Ngomsindo) :** Usandibuza ? Akwenzi le nto ndikuxelela yona ?

**UNtamo (Emangalisiwe) :** ' Ndisakubuza ? ' ' Andenzi le nto undixelela yona ? '—Ngokuba kutheni loo nto kunjalo?

**UNosongile (Ngomsindo) :** Heyi wena ! Kudala ndiyikhangele le nto yokungandiva kwakho ! Namhlanje yiva mna !

**UNtamo (Emangalisiwe) :** ' Kudala uyikhangele le nto yokungakuva kwam, namhlanje mandive wena ' ?—Utheth' ukuthini xa utshoyo ?

**UNosongile (Ngomsindo) :** Ukususela namhlanje yiva mna ! Akukho mzi wandoda yodwa !

**UNtamo (Emkhangela emehlweni) :** Tyhin' ! Utheni na Nosongile ?—Unxilile ?

**UNosongile (Ngomsindo) :** Uthini ? (**Emjamela**) Mus' ukundikhangel' emehlweni ! Gob' umnkonqo !

**UNtamo :** ' Ndingakukhangel' emehlweni, ndigob' umnqonqo ? '—Ngokuba kutheni ?

**UNosongile (Enyevula) :** Mandithethe kome ekhay' apha ! Makulawule mna ekhay' apha !—Uyandimamela ?

**UNtamo (Ecaleni) :** Asibobungqwangangqili obu ! kukugula oku ! Umfazi wam ungenwe sisifo esinzima—impambano ! (**Ephuma endlwini**). He Ndotyo !

**UNdotyo (Esiza) :** Tata !

**UNtamo (Emhlangabeza) :** Khawuz' apha !

**UNosongile :** Iyeza lona limngene, kodwa ibulawo awalifakwayo linzima !

UNtamo noNdotyo bayadibana emva kwendlu.

**UNtamo (Ethethela phantsi) :** Unyoko uqaleke nini ukugula ?

**UNdotyo (Ematshekile) :** Andazi.

**UNtamo :** Unyoko uyagula—uphambene.

**(UNtamo ungena endlwini kwakhona).**

**UNosongile :** Ukuba akuzixheli ezi hagu ndiyagoduka ngoku.

**UNtamo :** Hayi, khawugoduke Nosongile, mhlawumbi wothi wakufika kokwenu ufumane ukuzola engqondweni.

**UNosongile (Ephuma endlwini) :** Masihambe Ndotyo mntwan' am, igqwira elabulal' uyihlo lisadl' amazimba ! —Lisaman' ukuvuselela !

UNdotyo ukhangela kuyise limkhohlile.

**UNtamo :** Hamba nonyoko mntwan' am, unyoko uyagula. Uzumgcine nide niye kufika eNkonkweni. Uze unyameke nawe, ungasondeli kuye, kuba hleze avukwe yimpambano ngamandla, akwenzakalise.

**UNosongile (Ekhwaza uNdotyo) :** Wena Ndotyo ! Uhlalele ntoni ngoku ?

**UNtamo (Ebhekisa kuNdotyo) :** Hamba ! Hamba !—Ndiyayoyika impambano !

**(UNdotyo uyaphuma alandele unina).**

**UNtamo (Ekhedamile) :** Kwak' ! Madoda ! Ndifumen' int' embi—ukugulelwa ngumfazi !

## UMBONISO VIII

(UNosongile noNdotyo endleleni ebheka eNkonkweni.)

**UNosongile (Ejika ekhangela kuNdotyo ohamba mganyana ngasemva) :** Wena Ndotyo !

**UNdotyo (Esithi xhwenene ngomothuko) :** M-m-ma-ma !

**UNosongile :** Wothuka ?—Ebesithini uyihlo ngokuya ubusele endlwini ?

**UNdotyo (Lungongoza uvalo):** Eb-be-esithi mandi-i-hambe n-nawe !

**UNosongoile:** Unani na lo mntwana ?—Woyika ntoni ? **(Ecaleni)** kwo ! Landenza igqwira elandibulalela le ndoda. Ngoku ndiza kwahlukana nendoda yam kuba ayizi kusinda kweli lahle xa ingayithobeliyo imithetho yosindiso, ndaye andinasheleni zimbini nankuku yokuphinda ndiye kuSango anyange eli bulawo likule ndoda ! O ! Hay' okwam !

## UMBONISO IX

(ULongo ufika eqhuba iihagu kwaNtamo, ekho uNtamo.)

**ULongo (Ngomsindo):** Eyona nto uthi mandiyisebenze ngezi hagu yintoni ?

**UNtamo:** Ngokuba kutheni nje ?

**ULongo:** Xa ndiba ngathi khuleka ezi hagu uze wena ungayifaki ntloko loo nto uthi mandenze ntoni ?

**UNtamo (Emangalisiwe):** Utsho nini ukuthi mandikhuleke iihagu ?

**ULongo:** Nditsho nini ?—Umkakh' akakuxelelanga ?

**UNtamo:** Hayi, uNosongile ndifike ehliwe sisifo sempambano apha.

**ULongo:** Zikhuleke ke !

**UNtamo:** Zone ntoni ?

**ULongo:** Tyhin' ! Madoda !—' Zone ntoni ? '—umkakh' akakuxelelanga ?

**UNtamo:** Tyhin' ! Undihleka kuba ndigulelwa ngumfazi na mfondini ? Akundiv' ukuba ndithi umfazi wam uphambene ?

**ULongo:** Andisebenzi nto ngokuphambana komfazi wakho. Into endiyithethayo kuwe ndithi khuleka iihagu zakho, zingayi kungcolisa emzini wam !—Andifuni kuwelwa lilahle mna phaya emzini wam !

**UNtamo:** Yitsho ke ! Ungandigculeli ngokundibuz' ukuba ' umkam akandixelelanga na ! —Utsho umfazi wam egula

engekho zingqondweni zakuthetha nto ibhadlileyo !

**ULongo :** Zikhuleke ke ! Andifuni nkathazo !

**(Uyahamba uLongo).**

**UNtamo :** Kungani ukuba le ndoda ingakukhathaleli ukuyibikela kwam ngokugula komfazi wam ?—Ndinoloyiko ! Akukho lahle ! Akukho lahle !—Eyona nto iziswe ngaBanyibilikisi kule lali yimpambano ! O ! kazi sotshonaphi na ? Makhe ndikhuleke ezi hagu !....

**(UNtamo ubamba iihagu azikhuleke).**

## INDIMA VI

### UMBONISO I

(USidima, uZiki, uSizo noSango ecaleni kobuhlanti kumzi ohlala uSidima nabaninawa bakhe.)

**USidima (Ebona amakhwenkwe namantombazana ahamba ngendlela) :** Kukho ntoni na ?—Ayaphi la maqela ngamaqela amakhwenkwe namantombazana, ahombileyo, ahamba ngendlela ?

**USango :** Kukho indlam kule mizi ingaphezulu.

**USidima :** O ! Kuyiwa endlamini !

**USizo :** Indlam yinto enjani na ?

**USango :** Indlam ngumgcobo omnandi kakhulu kulutsha lwasemaMpondomiseni, kunjalo nje uyayolisa nakubaboneli komkhulu nakomncinane.

**USidima :** Makhe siye kuwubonela.

**UZiki :** Ewe, ndiyawukhumbula, kudala ndawugqibela lo mgcobo umnandi kunene.

**USizo :** Kulungile masiye.

**USango :** Nam ndiza kunikhapha.

**USidima :** Kulungile masihambe.

**(Bayahamba bonke).**

USidima, uZiki, uSizo noSango emzini onendlam. Amakhwenkwe ayasina egwalelwa eqhwatyelwa ngamantombazana ingoma ethi :—

Usegoli yho-o ! Yhe mha mha !
Usegoli yho-o ! Yhe mha mha !
Usegol' umntakweth' yho-o ! Yhe mha mha !
Yhe mha yhiyho-o ! Yyhe mha mha !
Yhe mha yhiyho-o ! Yhe mha mha !

**USango (Ebhekisa kuSidima) :** Injani ke ?

**USidima:** Kwowu! Ayasina la makhwenkwe! Egwalelwa kamnandi zezi ntwanazana!

**UZiki:** Ukuba kuhle! Ukuba mnandi!

Emva kokugwala nokusina ixesha elide iyayekwa le ingoma kuqalwe enye ethi :—

Sitsh' isimbhonon' esa-apha!
Sitsh' isimbhonon' esa-apha!
Sithi madoda xhelan' iihagu!
Sithi madoda xhelani' iihagu!
Law' ila-ahle! Yhe molo nomha-a!
Law' ila-ahle! Yhe molo nomha-a!

**USidima (Ekhangeleka ekhathazekile):** Yin' na le? (**Ebhekisa kuZiki noSizo**) masihambe, ndenzakele.

**UZiki (Ngomothuko):** Yintoni?

**USidima:** Yonakele le ndlam—andiyithandi le ngoma! (**Ebhekisa kuSango**) Siyahamba ngoku.

**USango:** O, nidimele kukubonela?—kulungile mandinikhaphe.

**(Bayahamba).**

## UMBONISO II

(USidima, uZiki, uSizo noSango endlwini emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe.)

**USidima (Ekhangeleka ekhathazekile):** Khawutsho Sango, uncedo esiluzisileyo luyamkelwa alwamkelwa kusini na apha emaMpondomiseni?

**USango:** Mhlekazi ndingatsho, ewe, ndide ndikuqinisekise ukuba uncedo lwenu luyamkelwa apha emaMpondomiseni.

**USidima:** Qhuba.

**USango:** Ndisitsho nje ndibona iinquleqhu ezenziwayo ekuhlangabezeni uncedo lwenu—iihagu zicuthekile apha elalini kukuxhelwa!

**USidima:** Phofu yeyantoni na le ntlantsi yokungakholwa ndiyibonayo?

**USango :** Yiphi ?

**USidima :** Uyivile le ngoma yesibini ibihlatyelwa ngabaya bantwana endlamini ?

**USango :** Ewe, ndiyivile.

**USidima :** Ithetha ukuthini ?—Ayidizi kungakholelwa kwamaMpondomise kolu daba siluzisileyo ?

**USango :** Nokuba baphazamile na ukuhlabela ngolu daba noko andiboni sizathu sokuba le ngoma niyithabathe njengomqondiso wokungakholelwa kwamaMpondomise eludabeni eniluzisileyo, kuba abantwana into bayithabatha ngeengqondo zobuntwana.

**USidima :** Akukho ukuba singawaraneli amaMpondomise kuba kukho le nyaniso :

Kukho imithetho nje,
Kukho izithethe nje,
Kukho amasiko nje,—
Kungenxa yokuba
Abantwana bahlonela into ehlonelwa ngabazali ;
Ewe, abantwana boyika into eyoyikwa ngabazali.

**USango :** Ewe, kunganjalo phofu, kodwa noko kukho nale ndawo endinganixelela yona : mna ndiyinkulelwane yalapha emaMpondomiseni.

**USidima :** Qhuba.

**USango :** Soloko ndabakhoyo ndiphawula ukuba ulutsha lwasemaMpondomiseni lunomkhwa wakwenza isimbo nengoma ngesici esikhoyo. Kodwa ke, njengokuba usitsho, eneneni ikho intlantsi yokungakholwa ekhoyo, kwaye ke intlantsi itshisa ilizwe liphela.

**USidima :** Qhuba.

**USango :** Asiyiyo le ngoma yaba bantwana ; ngumntu omdala oneengqondo zobudala.

**USidima :** Ewe ?—

**USango :** Ngumntu ompembelelo zimbi kangangokuba ukuba ukhe wamanyelwa uya konakalisa ilizwe liphela.

**USidima :** Qhuba.

**USango :** Ngumntu ombi aph' elalini.

**USidima :** Ngubani yena ?

**USango :** Ngulowa wayenichasa ngaleya mini yembizo.

**USidima :** Ewe, nguwuphi kanye ?

**USango :** Ngulowa wayesithi ilahle malisigximfe sife.

**USidima :** Oo ! Ndiyamkhumbula loo mfo !—Ngulowa wayethetha kakhulu, ethetha ngokonakaliswa kozuko.

**USango :** Hee ke !—Umchanile !—NguDwala igama. Izinto awazithethayo ngani xa sigodukayo emva kokuchithakala kwembizo ziyoyikeka.

**USidima :** Wayesithini ?

**USango :** Wayesithi ningabakhohlisi bodidi olungentla kolwethu.

**USidima :** Nina bobani ?

**USango :** Thina magqira namaxhwele. Kaloku njengokuba mna ndilixhwele lale lali uhleli endingeikiva ngokuthi ndingumkhohlisi.

**USidima (Ephakama) :** Khawusalathise umzi wakhe.

**(Bayaphuma bonke endlwini).**

**USango (Ebalathisa umzi kaDwala) :** Niyawubona lowa mzi undlu-mbini ngaphambili kwalowa unedywabasini emva kwezindlu ?

**USidima :** Ewe, siyawubona.

**USango :** Ngumzi kaDwala ke lowa.

**USidima :** O, akasayi kuphinda abe sisikhubekiso apha elalini.

**USango :** Hayi, ndisagoduka bahlekazi.

**USidima :** Kamnandi mnumzana.

**(Uyahamba uSango).**

**USidima (Ebhekisa kuZiki noSizo) :** Ekufikeni kwethu kuleya ndoda maze siyithethise mna ke ndiza kuyicothela ndiyigwaze ngemela.

## UMBONISO III

(USidima, uZiki noSizo bafika kwaDwala ebusuku.)

**USidima :** Nkqo !

**UDwala :** Ufuna ntoni ?

**USidima :** Sifuna wena.

**UDwala (Ebavulela) :** Nindifumene.

**USidima (Bengena) :** Molo silumko sendoda.

**UDwala (Elumeka isibane) :** Ewe-e ! **(Ebabona ngokukhanya kwesibane)** Oo ! Nini ziyathandini zamadoda ?

**UZiki :** Kutheni mfondini, sakuzukisa ngokuthi usisilumko sendoda wena wasitshabhisa ngokuthi siziziyatha zamadoda ?—kukusidela ?

**UDwala :** Nikhathazekile ?—Kwowu ! Asilolizwe le nto ! —Apho ubulumko buyinto yokuqwetywa nokuqotyolwa !

**UZiki :** Uyasithuka xa usithi siziziyatha.

**UDwala :** Xenikweni umntu axelelwa ukuba usisiyatha akufanelekile ukuba makakhathazeke, imfanelo yakhe kuphela kukuba makafunde ubulumko.

**USidima :** Silapha nje sigqibile ukulumka, ntonje wena unobungqwangangqwili bokusithuka.

**UDwala :** Andinithuki ndithetha inyaniso. Kukho umahluko phakathi kobulumko benkohliso nobulumko bokunyaniseka. Ubulumko benkohliso bubuyatha, ke bona ubulunmko bokunyaniseka bubulumko. Umntu okholose ngobulumko benkohliso sisiyatha, ke yena okholose ngobulumko bokunyaniseka sisilumko. Nina ke nikholose ngobulumko benkohliso, kungenxa yoko ke endithi niziziyatha.

**UZiki :** Oo ! Utsho ?

**UDwala :** Ewe nditsho. Ukuba anikabugqali nisaza kubugqala ubunyaniso obuthi : Kukho ubulumko enyanisweni, kukho ubuyatha enkohlisweni.

**USidima :** Mna madoda sendivuyela ukwazi ukuba asifumananga sixhamleke ukuza apha kulo mzi walo mnumzana.

**(Esondela kuDwala).** Kanene umnumzana lo usifundisa ubulumko ngowasemani ?

**UDwala :** NdingowakwaDosini. **(Esithi jaju phaya)** ungandayami !—Andinithembi !

(USidima uyamsukela afike kuye xa athobayo ethabatha umkhonto wakhe.)

**USidima :** Sendifikile ! **(Emgwaza ngemela)** Nanku umvuzo wobulumko bakho !

**UDwala (Esiwa) :** Undigqibile ! Kodwa ndiyavuya ukwazi ukuba umntu ofela enyanisweni ufa esisilumko, kanti yena ofela enkohlisweni ufa esisiyatha. Ndifa ndisisilumko !

**(Uyafa uDwala).**

(USidima, uZiki noSizo bayaphuma, aze uSidima aluvale aluqinise ucango. Bakuba bephumile balumeka ingca efulele indlu ngomlilo.)

**USidima (Bebonela ukuvutha kwengca) :** Akutshisanga thina kuwe ilahle. Masihambe. **(Bayahamba).**

UMdeni obephuma endlwini kwakhe walama idangatye lomlilo kwaDwala.

**UMdeni :** Yehe-e ! Law' ila-a-ahle !

(Amadoda eva intlaba-mkhosi aphume egijima emizini yawo aye kwaDwala.)

**Indoda yokuqala :** Akusekho luncedo uphahla seluza kuwela ngaphakathi.

**Indoda yesibini :** Amanzi ! Amanzi ! Makucinywe umlilo ngamanzi !—Masihlangulwe isidumbu sikaDwala ekuvuthisweni siphele ngumlilo !

**(Amadoda ayawucima umlilo ngamanzi, size isidumbu sikaDwala sifunyanwe, sithwalwe sisiwe kwenye indlu).**

## UMBONISO IV

(USango, uNtamo, uMdeni nabantu abeze esingcwabeni sikaDwala emangcwabeni.)

**USango :** Kambe ke, mawethu, umntu wakudala owathi : " Akukho qili lakha lazikhoth' umhlana " akazange afu-

mane athethe, wanyanisa. Amaqhalo la ekho nje akholo ubunyaniso. Ndibuhlungu mawethu ukuphawula ukuba thina bantu besi sizukulwana silumke kangangokuba sizenza ixhoba lamashwa neengozi ngokutyeshela ubunyaniso bamaqhalo aziintetho eziyimiyolelo yomakhulu.

Ukuzibona ubulumko nokuzizukisa ziimpawu zentswelambeko nesimilo esibi emntwini. MaMpondomise! Niyazi na?—kwenzeka ntoni emntwini ozikholayo nozizukisayo? —Impendulo nantsi: kwakufika ukufa uzuko luyaphela. Kunjalo ke kule ndoda namhlanje. Ekuzikholeni nasekuzizukiseni kwayo ukufa kufikile, uzuko lwayo luphelile! Ndithetha inyaniso enokungqinwa nangubani na kule lali.

Kule lali akukho mntu ungamaziyo uDwala ukuba ebezibona ubulumko ngaphezu kwabantu bonke, ethanda ilizwi lakhe kananjalo. Ulonakalise ngokwakhe uzuko lwakhe ngesimanga sokungavumi ukwamkela usindiso, saza samfikela isiphelo esibuhlungu ngokuqhuzuka kwentlantsi, imwele, imtshabalalise. Njengendoda bendiyihlonela le ndoda, njengomntu bendimthanda lo mntu, konke endikuthethayo ngaye kuyinyaniso. **(Uhlala phantsi uSango).**

**UNtamo :** MaMapondomise amahle! Khanindixelele! Ngubani apha kuni oyibonileyo intlantsi xa iqhuzuka elahleni iwela endlwini atshele kuyo lo kaQondo?—Ngubani? Kuthi ewaka kungabikho uphendulayo.

**UNtamo :** Akukho undiphendulayo na?

Oo!—kulungile ke!
Ukuba ilahle linamehlo malindibone!
Ukuba ilahle lineendlebe malindive!
Ukuba ilahle linomlomo malindiphendule!
Ukuba ilahle linenyama negazi nengqondo njengam,
Maliqiqe liqonde ligqibe ngam!
Ewe!—Mandithethe ndife!

**USango (Ecaleni) :** Oo! kant' ungakuDwala?—Sokha sibone!

**UNtamo :** MaMpondomise amahle! Ndinale ngqondo

yokuba kwabanye bethu umntu mhle okanye mbi ngokuxhomekeke ekubeni uyawanelisa na umphefumlo, ndiza kuthetha ngokungafihlisiyo ngalo kaQondo. Ukuba uDwala lo ulele apha namhlanje 'ebezibona ubulumko ngaphezu kwabantu bonke,' ndinodano, kuba bonke abazibona ubulumko ngabaleqa uzuko olulambathayo. Ukuba uDwala lo ulele apha namhlanje 'ebezizukisa,' ndinosizi, kuba bonke abazizukisayo ngabakholose ngenkohliso. Kodwa ukuba uDwala lo ulele apha namhlanje 'ekuziboneni ubulumko ngaphezu kwabantu bonke' ebekholose ngenyaniso ndiyamhlonela. Ewe, ukuba uDwala lo ulele apha namhlanje 'ekuzizukiseni kwakhe' ebeyithiyile inkohliso ndiyamemelela ndithi :

Ekubeni entlalweni yakhe,
Ebeyithiyile inkohliso,
Ekholose ngenyaniso,
Uzuko lwakhe maluqaqambe !

Mhlawumbi ndingomnye welo qaqoba limgweba umntu ngokwaneliseka emphefumlweni kungengamisebenzi yakhe, kuba nam namhlanje ndithi uDwala ubengumntu omhle. Entelekelelweni yam emfutshane (**ndingowelo qaqoba ligweba ngokwaneliseka emphefumlewni nje**) ndithi uDwala ubemhle kuba ubengumntu obekholose ngenyaniso.

**UMdeni :** Uxolo mzi kaNgwanya ! Apha sidibene ngomsebenzi obuhlungu wokulalisa lo kaQondo koyise. Xa ke sisebubini umntu makathethe akucingayo awayeke amagwebelele.

**UNtamo :** MaMpondomise amahle ! Xa sisekweli phakade lombona namazimba sisedabini elinzima, idabi elibalwi balo—uZuko olulambathayo, uBurovu noMona, baphatha izixhobo ezibi ezizezi : inkohliso, amayelenqe, iminqweno emibi, njalo njalo ke. Aboyisayo kweli dabi ngabo bacocekileyo, abo bathi entlalweni yabo bakholose ngenyaniso. Umvuzo woloyiso lwabo lundileko lobuntu benene oluluzuko lwenene.

MaMpondomise ! Niyazi na ?—kwenzeka ntoni emntwini onkoloseko yakhe isenyanisweni—Impendulo nantsi : kwakufik' ukufa ubono benyama buya nqanyulwa uzuko luqaqambe. Kunjalo ke kulo mfo wakwaDosini ulele apha namhlanje. Entlalweni yakhe ebekholose ngenyaniso, eyithiyile inkohliso. Enkolosekweni yakhe esenyanisweni ukufa kufikile, ubono benyama bunqanyulwe. Woyisile edabini, uzuko lwakhe maluqakambe ! Njengendoda ebikholose ngenyaniso ndiyayihlonela le ndoda, njengomntu obeyithiyile inkohliso ndiyamthanda lo mntu ; konke endikuthethayo ngaye kungqinwa yimisebenzi yakhe.

**(Kuyaselelwa kuchithakalwe).**

## UMBONISO V

(USango endlwini emzini wakhe.)

**USango :** Lahle ! Ndiyakubulela !—Undenzele into enkulu ukundishenxisela uDwala. Mawenjenjalo ke lahle, ukundishenzisela iintshaba zam, ewe,—nendingazaziyo ! Umntu ondichasayo njengokuba ebendichasile uDwala, lutshaba lwam. Ewe, Ntamo, umntu ongqinela uDwala, ulutshaba lwam. Ngoko ke Ntamo nawe ulutshaba lwam. Ugwetyiwe. Isigwebo sazo zonke iintshaba zam kukufa, kuba andinakonwaba emhlabeni iintshaba zam ziphila ! Kungani ukuba ungalwamkeli udaba oluziswe ngaBanyibilikisi ? Kungani ukuba uchase aBanyibilikisi ? Uza kufa njengoDwala ! Uza kuwelwa lilahle !

**(USango uya emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe).**

## UMBONISO VI

(USidima nabaninawa bakhe noSango endlwini emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe.)

**USidima :** Kunjani ke ?—Asimfikelanga isiphelo esimfaneleyo lowa mfo?

**USango :** Simfikele mhlekazi, kodwa ndinoloyiko ingathi

ebesel' eqala ukwenza umonakalo ngeempembelelo zakhe ezimbi eluntwini.

**USidima :** Utsho ngokuba kutheni ?

**USango :** Ngokuya besisesingewabeni sikaDwala kuvele enye intlantsana yokungakholwa.

**USidima :** Ivele njani ngoku ?

**USango :** Ivele ngalowa mfo wayebuza ukuba ilahle liya bonakala na esibhakabhakeni. NguNtamo igama. Nangoku usathi akukho lahle.

**USidima :** Oo ! Ndambona loo mfo ukuba akakholelwa.

**USango :** Nangoku ezakwakhe iihagu azixhelwanga, zikhulekiwe.

**USidima :** Myeke wena. Akazi kusinda, uza kuyihamba indlela ehanjwe nguDwala ; ewe, bonke abasulelwe nguDwala noNtamo baza kubalandela !

**USango :** Niyawazi umzi kaNtamo, ndinalathise ?

**USidima** Mus' ukuxhala wena. Ilahle ligcabile ngoku. Bonke abangakholelwayo liyababona, liza kubatshabalalisa singalalathisanga.

**USango :** Kulungile ke, mandihambe bahlekazi.

**USidima :** Siyakubulela ngenkxamleko oyithabathayo yokusazisa abangakholelwayo.

**(Uyahamba uSango).**

**USidima :** Kunjalo ke bafo bakabawo. Siza kuphangela ebusuku nje.

**USizo :** Kodwa mbi lo msebenzi, ngubawokazi lo siza kumgebenga.

**USidima :** ' Mbi lo msebenzi ? '—Ewe kakade mbi umsebenzi xa usaphethwe ngezandla kuba awunanjithwa mlonyeni, kodwa wakuba ugqityiwe zimnandi iziqhamo zomsebenzi.

**USizo :** Wahlukile lo msebenzi uthi masiwusebenze.

**USidima :** Wahluke njani ?

**USizo :** Asingomsebenzi wamanzi ngumsebenzi wegazi,

kwaye ke umsebenzi wegazi awuzange ube mhle waye u-ngasayi kuze ube mhle naphakade.

**USidima :** Nguwuphi umsebenzi wamanzi, inguwuphi wona owegazi ?

**USizo :** Umsebenzi wamanzi ngulowo nam ndiwaziyo ukuba mhle kuba kuwo kusetyenzwa, kubilwe, kuphilwe ; kanti ke owegazi mbi kuba kuwo kusetyenzwa, kuphalale igazi, kufiwe.

**USidima :** Khumbula ukuba ngomso siya kwahlukana nalo msebenzi uwoyikayo, siya kwamkela umvuzo. Mus' ukoyika kuba kukoyika oku kukucingisa ngegazi. Yomelela ucinge ngomsebenzi nokuwufeza nempumelelo. Obu bubi balo msebenzi uthetha ngawo bugqume ubuhle kuba iya kuba bubuhle bodwa ngomso xa abantu bethontelana kuthi ukuba sibasindise ! Besinika imali !—Khawucinge !

**USizo :** Bububi obugqume ububi obu xa sisebenza ukuphalaza amagazi angenatyala. Kuphi ukungabi nangozi owakuthembisayo kulo msebenzi ?—Kwowu ! Ukuba ndandisazi ngendingazange ndivume ukuyingena le nto !

**USidima :** Ndinga ningaqonda bafo bakabawo ukuba eli lizwe asililo labathandabuzayo, lilizwe labaqinisekileyo. Xenikweni umntu ecingile wenza, makenze ke gqolo angabisathandabuza, kuba akuthandabuza phakathi ekwenzeni kwakhe umvuzo wakhe uya kuba lihlazo nogculelo.

## UMBONISO VII

(USidima, uZiki noSizo bafika kwayisekazi uNtamo ebusuku.)

**USidima :** Nkqo !

**UNtamo :** Ungubani ?

**USidima :** Sithi.

**UNtamo :** Nina bobani ?

**USidima :** Sithi thina Banyibilikisi.

**UNtamo :** Nifuna ntoni ebusuku apha ?

**USidima:** Sifuna ntoni ebusuku apha ?—Sifuna wena.

**UNtamo:** Niza kundenza ntoni ?

**USidima:** Siza kukwenza ntoni ? —Akukaqondi na ukuba siphethe phantsi naphezulu ? Siza kukwalathisa ilahle. Andithi wena ufuna ukulibona ngamehlo ilahle ?

**UNtamo:** Andifuni kubona lahle ebusuku, maze nize kusasa.

**USidima:** Ilahle libonakala ebusuku nje bawokazi, alibonakali emini.

**UNtamo:** Hayi, hambani, ndilele ngoku.

**USidima:** Vula, bawokazi.

**UNtamo:** Ndinguyihlokazi njani ?

**USidima:** Uza kusazi wakuba usivulele.

**UNtamo:** Andizi kuvula, ndilele.

**USidima:** Kant' usile na bawokazi ? Ungathini ukuthi size kukunceda, size kukwalathisa ilahle onqwenela ukulibona, usuke wale ukusivulela ?—Siza kungena nokuba akufuni !

(Bayalutyhiliza ucango luvuleke bangene.)

**UNtamo:** Ndithi andifuni kubona lahle ! Andizi kusebenza nto ngelahle !

**USidima:** Wawuthe ufuna ukubona ilahle nje uza kulibona.

**UNtamo:** Awu ! Nize ngobutshaba na ?

**USidima:** Size ngobuhlobo bawokazi, lumeka isibane sibonane.

**UNtamo (Elumeka isibane):** Andiniqondi.

**USidima:** Uyabazi oSidima noZiki noSizo ?

**UNtamo (Ngomothuko):** Ngabantwana bomkhuluwa wam uNkatha abo !

**USidima:** Singabo ke.

**UNtamo:** Uphi yena umkhuluwa wam ?

**USidima:** Umkhuluwa wakho walishiya eli phakade limnandi waya kwesingalaziyo.

**UNtamo:** O ! Abantwana bam !—kutheni ningafikelanga kwam nje, ndinazi ?

**USidima :** Ukuba besenjenjalo besiya kuyonakalisa injongo yethu ephakamileyo.

**UNtamo :** Ninanjongoni ?

**USidima :** Sisendleleni yempumelelo le usithintela kuyo.

**UNtamo :** Ndinithintela njani ?

**USidima :** Akukholelwa eludabeni esiluzisileyo.

**UNtamo :** Udaba lwani ?

**USidima :** Udaba lwelahle elijinga esibhakabhakeni.

**UNtamo :** Iphi ke impumelelo yenu apho ?

**USidima :** Impumelelo yethu isekubeni abantu :

Bakholelwe xa sibaxelela ngelahle,
Bakholelwe xa sisithi sinokubasindisa,
Balwamkele usindiso,
Basinike imali ngokubasindisa kwethu.

**UNtamo :** Bantwana bam, kukho abacebisi ababini ebomini bomntu. Owokuqala ogama linguNkohliso ucebisa athi : ' Ukuba ebomini bakho injongo yakho kukuzanelisa wena wedwa, usisilumko.' Owesibini ogama linguNyaniso ucebisa athi : ' Ukuba ebomini bakho injongo yakho kukuhamba ngokuthe tye, uboyike ububi, usisilumko.' Lo mcebisi wokuqala, bantwana bam, ngumlahlekisi ; lo wesibini ngumcebisi olungileyo. Ndinoloyiko bantwana bam, ngathi nithabathe icebiso likaNkohliso.

**USidima (Esondela kuye egushe imela) :** Incinane le nto unoloyiko lwayo, bawokazi. **(Emgwaza ngemela)** Eyona inkulu yile yokuthintela abantwana bakho endleleni yempumelelo !

**UNtamo (Esiwa) :** Uyandibulala na mntwan' am ?—Ningabulala bantwana bam, kodwa yazini ukuba igazi elimsulwa linombuzo, ewe, linempindezelo !

**(Uyafa uNtamo).**

**USidima (Bephuma endlwini) :** Akubulawanga sithi, ubulewe lilahle.

**(Bakuba bephumile endlwini balumeka ingca yendlu ngomlilo, bayishiye isitsha. UNtamo utshela endlwini engabonwa.)**

## INDIMA VII

### UMBONISO I

(USidima, uZiki noSizo nabantu belali yaseTyira phezu kwentatyana enguHombe.)

**USidima :** MaMpondomise, kulungile ukuphulaphula akuxelelwa umntu ngengozi akuyo. Siyavuya ukunibona apha nabantwana benu nize kusindisa ubomi benu. Siyavelana nabo bathe balahlekelwa bubomi babo ngesizathu sokungakholelwa.

Ngoku ke siza kuqala umsebenzi wokunisindisa, maze ke nenze njengoko siniyalela ngako. Thina Banyibilikisi ukuhlala kwethu siza kukroza phambi kweziya nkuni zicwangcisiweyo. Nani ke kufuneka nize kuthi nikrozile, niqale kweziya nkuni zicwangcisiweyo. Umntu akufika kweziya nkuni uza kuphosa inqatha lehagu noluthi phezu kwazo, athethe : ' Ilahle malidlule ! ' atsho agqithe ke. Akuba egqithile ke kweziya nkuni uza kufika kosekuqaleni uMnyibilikisi, afike athethe athi : ' Camagu ! atsho emnika isicamagusho sakhe esizisheleni ezimbini. Akuba ekwenzile ke oku uza kunikwa iphetshana elibomvu losindiso, agqithele kongemva kowokuqala uMnyibilikisi. Apha ke uza kufika kukho izinti ezimnyama ezigxunyekwe emhlabeni ecaleni kowesibini uMnyibilikisi. Kufuneka ke afike aphakamise eli phetshana losindiso athethe athi : ' Mandisinde ! ' atsho ke agqithe phakathi kwezi zinti aye kowokugqibela uMnyibilikisi. Apha ke uza kufika kukho izinti ezibomvu ezigxunyekwe emhlabeni ecaleni kowesithathu uMmnyibilikisi. Kufuneka ke afike aphakamise kwa eli phetshana losindiso aphinde athethe athi : ' Mandinyibilike ! ' atsho agqithe phakathi kwezi zinti, ahambe engolufezileyo usindiso lwakhe.

Abantu besenza ngokomyalelo kaSidima bahamba ngokrozo.

**Umntu wokuqala (Ephosa imqatha noluthi phezu kweenkuni):** Ilahle malidlule !

**(Umntu ugqithela kuSidima).**

**Umntu (Enika uSidima iisheleni ezimbini):** Camagu !

**USidima (Esamkela imali, emnika iphetshana elibomvu):** Icamagu livunyiwe ! **(Umntu ugqithela kuZiki).**

**Umntu (Ephakamisa iphetshana elibomvu, egqitha phakathi kwezinti ezimnyama):** Mandisinde !

**UZiki:** Usindile ! **(Umntu ugqithela kuSizo).**

**Umntu ((Ephakamisa iphetshana elibomvu, egqitha phakathi kwezinti ezibomvu):** Mandinyibilike !

**USizo:** Unyibilike !

Benjenjalo ke bonke abantu bade baphele.

**USidima (Emva kokuba bephelile abantu):** MaMpondomise, ndiyavuya ukunazisa ukuba nisindisiwe elahleni, naye niwamkele amandla oBunyibilikisi. **(Elumeka iinkuni namanqatha ngomlilo)** Vuyani nibone ukugxothwa kwelahle.

**(Iinkuni zidibene namanqatha ziyavutha zitsho ngedangatye elikhulu lomlilo nesisi).**

**USidima:** Hambani ngoxolo usindiso lwenu lufezekile.

**(Kuyachithakalwa).**

## UMBONISO II

(UZiki noSizo endlwini emzini abahlala kuwo.)

**UZiki:** Siqokelele malini izolo ?

**USizo:** Andazi.

**UZiki:** Akakhange akuxelele uSidima ?

**USizo:** Hayi, akakhange andixelele.

**UZiki:** Siphi sona isitshixo sebhokisi ?

**USizo:** Sikuye.

**UZiki:** Hayi, makangenjenjalo. Masiyazi imali yethu. Ubomi bethu bebusemngciphekweni ngenxa yayo.

**USizo :** Masimbuze akungena.
(Uyangena uSidima.)
**UZiki :** Hee ke !—Utyaphile ungene.
**USidima :** Utsho ngokuba kutheni ?
**UZiki :** Ndicing' ukuba umsebenzi ebesiwuzele kweli lizwe siwufezile.
**USidima :** Ngumsebenzi mni lo uthi ucing' ukuba siwufezile ?
**UZiki :** Ukufun' imali kaloku !—Andithi imali siyifumene?
**USidima :** Ndiyakuva njengokuba usitsho,—ke ?
**UZiki :** Ndibona kufanelekile ke ngoko ukuba siyazi imali esiyifumeneyo.
**USidima :** Sakuba siyazile ke imali esiyifumeneyo siza kwenza ntoni ?
**UZiki :** Sakuba siyazile kaloku siza kwahlulelana ngayo, sizimele ngoms' omnye, siphindele apho sasivela khona.
**USidima :** Siza kwahlulelana ngayo, sizimele ngoms' omnye, siphindele apho sasivela khona.—Yingcamango yengqiqo yakho le ?
**UZiki :** Uthini na ngoku ?
**USidima :** Ufanele ukungandiva ; nam ndiyaqonda ukuba le nto uyithethayo akuyiqiqisisanga kuqala, uphukanekile kuba ukuba ubusebenzise ingqiqo ngewuthule walindela kum.
**UZiki :** Wena mntu utheni ?
**USidima (Ezihlekisa) :** H-ha-a ! Nguwe lo ubuza lo mbuzo kum ngoku ?—Kanene sel' ufuna ukwazi imali esiyifumeneyo nje bekuthekeni kuqala ?
**UZiki :** Uyandixaka ke ngoku.
**USidima :** Nguwe ozifaka engxakini ngokusebenzisa ubulumko apho kungafanelekanga, kanti ke, ndikuxelele, ubulumko bunencasa xa buvanganiswe nentwana yobuyatha. Lilonke ke ndithetha ukuthi ngewuthule walindela kum ; kodwa ke ubulumko bakho bukuxelela ukuba mawukhokele umkhokeli oyaziyo le ndlela sikuyo—umna ke lowo !
**UZiki :** Siya kulindela ku—.

**USidima :** Mus' ukuthi 'Siya kulindela,' yithi 'Ndiya kulindela' kuba nguwe othethayo.

**UZiki :** Ndiyeke ndigqibe. Ndithi : siya kulindela kude kube nini kuwe ; kuba izolo uthule lada latshona, ngokuhlwa uthule kwada kwasa, namhlanje uthule kwada kwasemini ?

**USidima :** Ndiyakubona ukuba uyixhinele le mali, kulungile ke.

(USidima uvula ibhokisi enemali ngesitshixo, baze babale imali.)

**USidima (Bakugqiba ukubala imali) :** Nantsi ke. Ngamakhulu amathathu anamashumi alithoba eeponti. Uthini ke ?

**UZiki :** Musa ukuthi 'Uthini ke ?' yithi 'masithini ke ?' kuba xa ndithethayo andaphuli luvo lwethu, ndilungisa uluvo lwethu ; ndithethela ukuba sibe luvo lunye, sibe sigqibo sinye, njengokuba besisebenza kunye sinanjongonye.

**USidima :** Ndifanele ukuthi 'Uthini ke ?' nguwe umntu oyixhineleyo le mali ngokungathi iza kusuka imile amaphiko iphaphazele imke.

**UZiki :** Tyhin'! Madoda! Oku 'kuyixhinela kwam le mali' ukunokozayo kukuphi na ? Kukusuka ndithethe ngayo ?—Sisimanga !

**USizo :** Iya kuba mbi into yokuthi besisebenza kunye sinanjongonye, sisuke sixabane ngomvuzo wokusebenza kwethu. Masibe luvo lunye, sithethe, sifikelele sigqibeni sinye.

**USidima :** O, kulungile ke. Nantsi imali. Nithini ke ?

**UZiki :** Masahlulelane ngayo.

**USidima :** Sahlulelane njani ?

**UZiki :** Sahlulelane ngokulinganayo.

**USidima :** 'Sahlulelane ngokulinganayo' njani ?

**UZiki :** Njengokuba ingamakhulu amathathu anamashumi alithoba eeponti yenzeke kakuhle, emnye uza kufumana ikhulu elinamashumi amathathu eeponti.

**USidima :** Ewe ?—Siyalingana phofu ngokuzalwa ?

**UZiki :** Hayi.

**USidima :** Xa uthi ' hayi ' andikuva.

**UZiki :** Umkhulu kuthi.

**USidima :** O, le ndawo yokuba ' ndimkhulu kuni ? niyinyathela ngeenyawo ?

**UZiki (Ngomsindo) :** Mkhuluwa ! Siyakwazi ukuba uyindla-lifa, kodwa ke mawucacelwe yile nto yokuba asibangi lifa ngoku, kuphela sibanga inxaxheba !

**USidima (Ezama ukuncuma) :** Hayi bafo bakabawo, akukho mfuneko yokuba siqinise imixhadi, sinyukelane, sixelise amantshontsho emiwe yiminyiki. Mna andilwi, ndixolile, nento eniyithethayo ndiyanivumela. Ewe, nenxaxheba le ndiyayiqonda. Kodwa ke, ukuba beniyisebenzisa ingqiqo benifanelwe kukuqonda ukuba oyena ubenenxaxheba enkulu ngokubhekiselele empumelelweni yethu nguwuphi na apha phakathi kwethu. Nangoku, wena Ziki usibeka engozini yokuranelwa ububi, uthi masizimele.

**UZiki :** Ngobomi bethu obebusemngciphekweni masiyifumane inxaxheba ebulingeneyo.

**USidima :** Ndiyala na mna ndivuma nje ? Ndithi yonke into eniyithethayo iza kwenzeka ; nale nto yokwahlulwa-hlulwa kwemali ngokulinganayo siza kuyilungisa, ithuba lisekho. Mna bendicing' ukuba siza kukha sithethe ngohambo lwethu kuqala, ndinengcamango yokuba ekuthetheni kwethu siza kuvumelana ekubeni ndikhe ndiye komkhulu, ndiye kulungisa uhambo lwethu ngohlobo lokuba ize kungamranelwa bubi ekuhambeni kwethu, kulandwe emkhonweni wethu. Ekucamangeni kwam bendisithi phaya komkhulu ndiza kufika ndicele indlela, ndithi sigqithela kwilali yaseChulunca kwangalo msebenzi wokusindisa, kuba ilahle lidlulele khona.

**USizo :** Isekwalilo nelo.

**USidima :** Mandiye komkhulu ke.

**UZiki :** Kulungile yiya. **(Uyahamba uSidima).**

## UMBONISO III

(UZiki noSizo endlwini emzini abahlala kuwo.)

**UZiki :** Uyibona njani wena le nto Sizo ?

**USizo :** Yiphi ?

**UZiki :** Le kaSidima.

**USizo :** Ukuthini kwakhe ?

**UZiki :** Akumbon' uSidima lo ukuba ngoku unengqond' embi ngale mali ?

**USizo :** O, ewe, ndiyambona.

**UZiki :** Uthini ke ngokumbona kwakho ?

**USizo :** Noko ndithi simlungisile ngokuthetha kuba naku sivumelene.

**UZiki :** Heyi ! ubokumlumkela umntu onengqond' embi ! —unzulu !

**USizo :** Masithini ke ?

**UZiki :** Masimtshise uSidima lo khon' ukuze ayaleke ukusiruqela entlondini, asenze izidenge zakhe !

**USizo :** ' Simtshise ' njani ?

**UZiki :** Masimzimele, simke nayo yonke le mali, angafumani nepeni kuyo.

**USizo :** Hayi Jola, masingamenjenjalo ; ukuba ingqondo yakhe imbi nje, ayiguli, noko ndinethemba lokuba sinokuyilungisa ngokuthetha nangokumbonisa.

**UZiki :** Kulungile ke xa utshoyo. Kodwa Jola ! uya kuza undingqinele ngeny' imini !—umntu onengqond' embi uthi mhla sel' egunyile, atsibe lonke utyenenezo, enze ububi bengqondo yakhe !

## INDIMA VIII

### UMBONISO I

USidima endleleni ebheka kwaSango.

**USidima :** Sahlulelane ngokulinganayo ?—Yini na le ! Zinani kakade ezi zityhakala ? Ndilingana nazo kakade mna ? Ukuba ndilingana nazo ngendilapha ndiyindoda ephumeleleyo namhlanje ?—Abatsho nokuba mandibaphe amashumi amathathu eeponti ! Nakhona ndenze nje ukubancanzela, nokubaph' umphako, nokubakhwelisa !— kuba naleyo ayibafanelanga bezizityhakala nje !—Tyhini le ! Ndiza kubabonisa ukuba ndinguSidima igama !—Ndalumk' umnt' esemnye ! La makhulu mathathu anamashumi alithoba eeponti ngawam ! Bona baza kufa bezizinja !

### MBONISO II

USidima ufika kwaSango.

**USidima :** Nkqo !

**USango :** Ngaphakathi.

**USidima (Engena)** A ! Mnumzana !

**USango :** Hee ! Mhlekazi ! (**Emnika isitulo**) Hlal' apha mhlekazi.

**USidima (Ehlala esitulweni) :** W-wh-ho !—kwowu ! kushushu !

USidima ukhulula iqhiyana ebotshelelwe kwintsontelo esesinqeni azisule ukubila ebusweni.

**USango :** Kaloku kusehlotyeni mhlekazi. Tyhin' ! Umhlekazi lo usihambele ngantoni ?

**USidima :** Hayi, ndikukhumbule mnumzana, .

**USango (Emangalisiwe) :** ' Undikhumbule ' mhlekazi ?

USidima (Encuma): Mus' ukuthi nqa yile nto ndiyithethayo kuwe mnumzana, ndinyanisile xa ndisithi ndikukhumbule.

USango: Noko ndiziva ndimncinane ukuba ndingade ndikhunjulwe nguwe. Bendicing' ukuba ungafane ukhumbul' inkosi ngcono kunam.

USidima: Ubucing' ukuba ndingakhumbul' inkosi ngcono kunawe, ngokuba inani yona inkosi?

USango: Ngokuba inewonga, ipheth' umhlaba.

USidima: Asilophawu lobulumko olo. Ukuba usisilumko musa ukuxabisa umntu ngewonga, mxabise umntu ngobukrelekrele bengqondo anayo, ukhumbule kananjalo ukuba uzuko lomntu alukho wongeni, kuphela lusezenzweni zakhe zengqiqo. Ndinjalo ke mna. Umntu ndimxabisa ngobukrelekrele bengqondo anayo kuba kukho le nyaniso endiyaziyo: Njengokuba ubuyatha bungazi khatshakhowa nasidwangube ngokukwanjalo ke nobulumko abazi sidwangube nakhatshakhowa. Ngaphezu koko ke xa usisilumko akukho mfuneko yokuba uzive umncinane kuba unobulumko nje unalo lonke iwonga nozuko lwasemhlabeni. Phakathi kwamadoda ale lali yaseTyira ndibona wena mnumzana—ingqondo yakho ikrelekrele. Kungeso sizathu ke endithe makhe ndikutyelele, ndinethemba lokuba ekuthethathetheni nasencokweni yethu siya kufikelela engcanjini yobudlelane phakathi kwethu sobabini—imvisiswano. Xa ndithetha nawe ke ndithetha nendoda engqondo ikrelekrele nenentelekelelo—iimpawu zobulumko ke ezo!—Uya ndiphulaphula?

USango: Ndikuphulaphula kamnandi nangothakazelelo, mhlekazi.

USidima: 'Kumntu olumkileyo eli lilizwe lokuchamza ngenkoloseko ebulumkweni, asililo lizwe lokubulaleka ngenkoloseko ekunyanisekeni,' sitsho isaci sam.

USango: Ingathi undibona ngaphakathi kuba esi saci sakho sibhaliwe embilinini yam.

USidima : Ingqina lobunyaniso besi saci sam kukuba ubuncwane beli lizwe lilifa lezilumko kuphela.

USango : Kunjalo kanye.

USidima : Ucukucezekile emehlweni am umntu ophila ngokubulaleka, ekholose ngokunyaniseka, kuba ethenga ukuba abalelwe kwabanyanisekileyo.

USango : Ngokwenene nam nditsho !

USidima : Ungandixelela ?—Komzuzisa ntoni ukunyaniseka kwakhe kweli phakade lombona namazimba ?

USango : Ngokwenene akayi kuzuza nto !

USidima : Loo mntu ke mna ndimbiza ngokuthi sisiyatha.

USango : Unobugqi benene !—Ukude ubone imbilini yam ! Kuba zizimvo zam zonke ezi uzithethayo.

USidima : Njengesilumko ndiyacinga ukuba uyabulangazelela ubutyebi.

USango : Injongo yam ebomini bam kukuba mandibe sisityebi kakade.

USidima : Ukuba siyavisisana akuzi kuthiwa ngawe : ' U-Sango yenye yamadoda afumileyo apha eTyira,' kuza kuthiwa : ' USango sisityebi salapha eTyira.'

USango : Makube njalo mhlekazi.

USidima : Unaye ' uMalingaphumi ? '

USango : Yintoni ke leyo, mhlekazi ?

USidima : Iyeza onokuthi ukuba ulifake ukutshona kwelanga emntwini lingaphumi esaphila ?

USango : Oo !—Ha ! Ha ! Ha-a ! !—nokuba ulibiza ngokuthi ngu' Malingaphumi ' nokuba ulibiza ngokuthi ngu-' Malingatshoni,' mhlekazi, umsebenzi weyeza lokubulala endinalo mnye, emini nasebusuku, kukusebenz' umnt' egazini, limngqule phantsi. Ukuba ndilifake ukuphuma kwelanga litshona efile, ukuba ndilifake ukutshona kwelanga liphuma efile—lowo ndilifake kuye !

USidima : Ngxatsho ke ! kuza kulunga. Andithi uyibonile leya mali ibifunjwa phambi kwam izolo ?

USango : Ewe, ndiyibonile.

**USidima :** Izolo ndiqokelele amakhulu amathathu anamashumi alithoba eeponti.

**USango :** Kwowu ! Ininzi !

**USidima :** Wakha wayibona inja esisityebi ?

**USango :** Andizange ndiyibone.

**USidima :** Nam andizange ndiyibone. Umsebenzi wenja kukukhonkotha ize umvuzo wayo ibe kukuphiwa into edliwayo.

**USango :** Ewe kunjalo.

**USidima :** Inja ayisebenzi nto ngemali.

**USango :** Kaloku ayiwazi nomsebenzi wemali.

**USidima :** Unjalo ke umntu ongqondo ingqukuva, ongenantelekelelo.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Ngenxa yobuyatha bakhe injongo yakhe asikokuba abe sisityebi ; injongo yakhe kukuba adle, ahluthe, afe.

**USango :** Kaloku akalazi iwonga nozuko lokuba sisityebi.

**USidima :** Banjalo ke aba bafo ndihamba nabo, baziziyatha.

**USango :** Ngenxa yokuba bengaBanyibilikisi bendicing' ukuba balumkile.

**USidima :** Bazezimuncu izidenge ezi. Kangangobudenge abanabo ndifikelele esigqibeni sokuba ndingahlulelani nabo ngobu butyebi bungaka.

**USango :** Oo ! Ewe ?

**USidima :** Umntu endimbona efanelekile ukuba abe nenxaxheba kobu butyebi nguwe Sango.

**USango (Ngomothuko nemincili) :** Mna mhlekazi ?

**USidima :** Ewe, wena ncakasana. Njengokuba le mali ingamakhulu amathathu anamashumi alithoba eeponti, siza kwahlulelana ngokulinganayo ; emnye afumane ikhulu elinamashumi alithoba anesihlanu eeponti.

**USango (Encunyiswa yimincili) :** Kodwa undibabale ngani mhlekazi ?

**USidima:** Ndithanda ubukrelekrele bengqondo nentelekelelo onayo.

**USango:** Ngokwenene ndisaza kuwubonakalisa umbulelo wam kuwe.

**USidima:** Linjalo kaloku ithamsanqa, abalumkileyo libafikela bengalilindelanga.

**USango:** Ndiyakubulela ngokundenzela ithamsanqa elingaka.

**USidima:** Mus' ukuzikhathaza ngokuthetha, ziintwana ezincinane ezo. Into ekufuneka siyilumkele mnumzana,—kuqala masishenxiese ezi zityhakala zibini ndisebenza nazo, khon' ukuze sonwabe.

**USango:** Sizishenxise njani mhlekazi ?

**USidima:** Sizishenxise ngokuzidlisa, zife.

**USango:** Oo ! Ngokuzidlisa !

**USidima:** Ewe, masizishenxise ngokuzidlisa ngeyeza lokubulala eliya bendikubuza ukuba unalo na.

**USango:** O, hayi, ilula loo nto. Ndiza kukunika iyeza, uze ufike uzigalelele ekudleni eziza kukudla.

**USidima:** Nantsi into omawuyiqaphele ukuba usisilumko : xa usenza ububi mabufihlakale, bungabi nakuraneleka.

**USango:** Unyanisile, siza kuthini ke ?

**USidima:** Mna ndicebisa ngolu hlobo : ukuza kwam apha eziya mpatha ndiziphambe ngokuthi ndiya komkhulu.

**USidima:** Ndiyagoduka ngoku.

**USango:** Ewe.

**USidima:** Wakuqikelela ukuba ndifikile kulowa mzi sihlala kuwo uze ulandele nawe uye.

**USango:** O, ndilandele neyeza ?

**USidima:** Hayi, phulaphula kum.

**USango:** Ewe.

**USidima:** Uzulandele wedwa ungaliphathi iyeza.

**USango:** Ewe.

**USidima:** Wakuba ufikile siza kuncokola kancinane ukhawuleze unxubele ekhaya.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Mna ke ndiza kukubuza ukuba kutheni na le nto uthi ufika, sisancokola kamnandi, usuke uxhinele ekhaya.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Wena ke uza kundiphendula ngokuthi unxaniwe, usaya kufun' ithamo lotywala ekhaya.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Mna ke ndiza kukhuza into yokuthi unotywala kwakho sife lunxano.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Wena ke uza kothuka ube nodano lokusivimba utywala kanti siyabusela, ulandule ngokuthi sebuphelile ; utsho usithi ukuba ubusazi ukuba siyasela ngewuthumele umfazi nokuba yintombazana siziselwe ngebhekile.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Mna ke ndiza kubawela utywala ngokuthi ndinganela nokuba ndikhe ndafumana ithamo elinye !

**USango :** Ewe.

**USidima :** Wena ke uza kuthi akwazi nokuba kusekho ntwana na, utsho usithi ukuba ufike kusekho ntwana uya kuthuma umntwana asizisele nokuba sisichenenana, sinyele izixhaxha.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Uya kulifaka kweso sichenenana ke iyeza, zisele ezi mpatha, zife.

**USango :** Azizi kukrokra ke xa ungaseli wena ?

**USidima :** Hayi bo ! AndingoMnyibilikisana, ndinguMnyibilikisi ! Kudala ndalumkayo !—Nawe ibhekile uzuyenze isigabhu, ungayizalisi.

**USango :** Uza kuthini ke ?

**USidima :** Ibhekile iza kwamkelwa ndim kuqala.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Ndiza kuyivula ndibe ngathi ndiyasela kanti ndivele nje ebhekileni, ndiyigqithise.

**USango :** Mhlekazi, icebo lakho lilungile.

**USidima :** Nasi ke isiphelo secebo lam : uzufike kwakhona ngokuhlwa nje.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Zakuba zifile ezi zinja siza kuzithwala, siye kuzifaka kuleya ndlu kaDwala iseleyo, siyitshise, ukuze zitshe kunye nendlu zingabi nawo nomkhondo.

**USango :** Ewe.

**USidima :** Mandihambe ngoku.

**USango :** Khawume ndikhe ndikukhelele utywala uqabule unxano, eneneni bendingazi ukuba niyasela.

**(USango uya kwenye indlu).**

**USidima :** Ingathi kuza kulunga ; amacebo am ayathembisa.

(USango uyangena kwakhona ephethe ibhekile yotywala. Akuba ephuzile unika uSidima.)

**USidima (Akukhov' ukusela) :** Kwowu ! Ndiyabulela mnumzana, ndiza kuhamba kamnandi.

**USango :** Uhambe kakuhle mhlekazi.

**(Uyahamba uSidima).**

## UMBONISO III

(USidima esiya emzini ahlala kuwo nabaninawa bakhe.)

**USidima :** Ndiyanibulela mawethu ngoncedo enindenzele lona. Ekuqiqeni nasekwenzeni kwam nindithantamisile ngecengalo zenu zobubele nada naza kundibeka kweli sango lempumelelo ndingena kulo namhlanje. Maningabi sandiyeka ndide ndiqiniseke ukuba ndingenile, ndonwabile empumelelweni.

Kukho ezi zinja zimbini ekufuneka ndizikhwelelise ngoncedo lukaSango. Zakuba zishenxile e zizinja zimbini ndiza kushenxisa uSango ngokwakhe ! Ade sel' evumela phezulu nje yena ucing' ukuba ndingampha ikhulu elinamashumi alithoba anesihlanu eeponti ? Ndisisiyatha kakade ? Akandiboni ukuba ndingentla kuye ngokulumka ?—Vuya mbilini yam ngamacebo akho obulumko ! Ngomso ngala maxesha

ndiya kuba ndiseMthatha, ndilindele uloliwe obheka ngase-Mahlosana !—Sendisisityebi esidumileyo saseMahlosana !

**(Uyafika apho ahlala khona).**

## UMBONISO IV

(Kufika uSango emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe.)

**USango :** Nkqo ! Nkqo ! Nkqo !

**USidima :** Ngaphakathi.

**USango (Engena) :** Bahlekazi !

**USidima noZiki noSizo (kunye) :** Hee ! Mnumzana !

**USidima (Ebhekisa kuSizo) :** Mnike isitulo eso. **(Ebhekisa kuSango)** Tyhini' ! Uvela ngaphi mnumzana ?

**USango (Ehlala esitulweni) :** Ndivel' ekhaya mhlekazi.

**USidima :** Ukwenjenj' oku ?

**USango :** Hayi, ndinikhumbule.

**USidima :** Oo ! usikhumbule !

**USango :** Ewe ndinikhumbule, ndaye ndiya kuhlala ndinikhumbula ngalo lonke ixesha ndisadla ubomi.

**USidima :** Ngenxa yantoni ? Senze ntoni ?

**USango :** Uncedo enisenzele lona lolungathethekiyo—ukusihlangula engozini yokutshatyalaliswa lilahle ! Ngoku usuku lwekresmesi ndilulindele ngovuyo, luya kundifikela ndonwabile.

**USidima :** Kaloku thina Banyibilikisi sikholo ukunceda abaxakekileyo, ewe, sikholo ukusindisa abasengozini.

**USango :** Nityaphile nibekho bahlekazi, ukuba beningekho besiya kutshabalala.

**USidima :** Nani nityaphile niphulaphule kuthi kuba, mnumzana, umntu ulufezekisa ngokwakhe usindiso lwakhe ngokuphulaphula nangokwenza oko akuxelelwayo.

**USango (Esukuma) :** Mandigoduke bahlekazi.

**USidima :** Hi mnumzana, kutheni le nto uthi usafika, sisancokola kamnandi, usuke uxhinele ekhaya ?

**USango:** Ndinxaniwe mhlekazi, ndisaya kufuna ithamo lotywala ekhaya. Ndobuya ndize kunibuthela kwakhona.

**USidima:** Tyhin'! Sisifa lunxano nje kanti unotywala kwakho ?

**USango (Ezothukisa):** Ee ! kanti niyasela na ? **(Ezidanisa)** Eyona nto imbi sebuphelile ngoku. Ukuba bendisazi ukuba niyasela ngendinganivimbanga, ngendithume umfazi nokuba ngumntwana niziselwe ngebhekile.

**USidima:** Kwowu ! Kangangokubukhanuka kwam ingathi ndinganela nokuba ndikhe ndafumana ithamo lalinye !

**USango:** Andazi nokuba kusekho ntwana na. Ukuba ndifike kusekho intwana ndiya kuthumela umntwana anizisele nokuba sisichenenana, oku kokuba ninyele izixhaxha.

**UZiki:** Uzuncede ukhangele kakuhle mnumzana, kudala sabugqibela.

**USango:** Ndokha ndizame.

**USizo:** Ewe, uzuzame ngamandla mnt' omkhulu. Kwowu ! Ingangathi ndiyelama ndikhe ndabubona !

**USango:** Salani ke bahlekazi.

**UZiki (Emkhangela ngoncumo):** Hamba kakuhle, ucinge kakuhle, wenze kakuhle.

**USango (Encuma):** Ndobona.

**USizo (Emkhangela ngoncumo):** Nokubon' oko ubone kakuhle.

**USango (Encuma):** Kulungile, salani ke bahlekazi.

**USidima:** Kamnandi mnumzana. **(Uyahamba uSango).**

## INDIMA IX

### UMBONISO I

USidima uZiki noSizo endlwini emzini abahlala kuwo.

**USizo :** Hee ! Kufike uSango ndisaza kubuza apha kumkhuluwa ukuba uhambe njani na malunga nomcimbi abewuyele komkhulu.

**USidima :** O, hayi bafo bakabawo, masingaxhali indlela yethu intle kakhulu.

**USizo :** Ucinga njalo ?

**USidima :** Andicingi njalo, nditsho njalo.

**USizo :** Ubona ntoni ?

**USidima :** Ndibona ukwamkelwa kodaba esiluzisileyo nokwaneliseka kwabantu ngumsebenzi esiwenzileyo. Nenkosi ngokwayo ayisirancli bubi ngobukho bethu apha. Ndithe ndakuwaneka umcimbi ebendiwuhambele yavuma ngokulula, yatsho isithi masilihambe lonke elasemaMpondomiseni, silisindise ekubhujisweni lilahle.

**USizo :** O, kuyavakala. Siya kuhamba nini ke ?

**USidima :** Mna andiboni mfuneko yokuba sixhabashe ngokungathi kukho into esiyibalekayo. Masizilungiselele nje kakuhle, siluthabathe uhambo lwethu ngoms' omnye.

### UMBONISO II

Kufika intombazana ithwele ibhekile yotywala emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe.

**Intombazana :** Nkqo !

**USidima :** Ngaphakathi Nolizw' elincinane.

**Intombazana (Ingena) :** Molweni.

**USidima (Encuma) :** Molo Nolizw' elincinane. Uthini Nolizw' elincinane ?

**Intombazana :** Uth' utata mandizise le bhekile.

**USidima (Encuma) :** Siza kusebenza ntoni ngephanga lebhekile ?

**Intombazana :** Hayi, iphethe.

**USidima (Encuma) :** Oo !—Iphethe ntoni ?

**Intombazana :** Inotywala.

**USidima :** Oo !—Innento emnandi kanti ? Khawuyizise apha ke mntwan' am sikhe siyibone. **(Encuma)** kanene unguNolizw' elincinane igama lakho ?

**Intombazana (Imnika ibhekile) :** Hayi, ndinguNozizathu.

**USidima (Encuma) :** O, siyeva ke Nozizathu, kodwa neli likaNolizw' elincinane likufanele kuba nelizwi lakho lincinane.

**USizo (Ecaleni) :** Ukuba mhle kwalo mntwana !

**Intombazana :** Ndiyahamba ke.

**USidima (Evula ibhekile) :** Mus' ukuba sayishiya mntwan' am, akukho nto ingakanani apha ; masisele sifince uhambe nayo le bhekile.

(Intombazana ithi guqalala egumbini ilinde ibhekile.)

**USidima (Ekhangela ebhekileni encuma) :** Kwowu ! Ingathi andiboni bona !

**UZiki (Encuma) :** Ungasenzakalisi, somile.

**USidima :** Ha ! Ha-a !—Hayi, ndiza kukheth' obam ndishiy' obenu.

(USidima uyavela ebhekileni ange uyasela.)

**UZiki :** Uza kusifincela lo mntu madoda ! Kutheni watshon' isidala ebhekileni ?

**USidima (Ezisula umlomo egqithisa kuZiki) :** Kwak' ! Bubo kanye !

(UZiki uyayamkela ibhekile yotywala asele.)

**USizo :** Ningandifinceli !

**UZiki (Ezisula umlomo egqithisa kuSizo) :** Kwak' ! Bugqibile ! Bumkhuma !

(USizo uyayamkela ibhekile yotywala asele.)

**USizo (Enika intombazana ibhekile akukhov' ukufinca) :** Bamba ke ntombi.

**Intombazana (Emva kokuthabatha ibhekile) :** Ndiyahamba ke ngoku.

**USidima :** Kulungile ke mntwan' am.

**USizo :** Ina ntombi. **(Eyinika itiki)** Uzuzithengele iiswithi.

**Intombazana (Isamkela ikhongozele ngazibini) :** Mandithini ke xa ndibulelayo ?

**USizo (Encuma) :** Okhu bethu !—Yithi Jola.

**USidima (Emkhangela kakubi uSizo) :** Uthi makathi Jola ntoni ? **(Ebhekisa entombazaneni)** Uyakulahla wena mntwan' am nguMnyibilikisi lo ; yithi Mnyibilikis xa ubulelayo.

**Intombazana :** Mnyibilikisi.

**USizo (Encuma) :** Uzuthi ke kutata wakho ndithe xa asipha utywala masiziselwe nguwe wonke ugama siselapha. Uvile.

**Intombazana (Incuma) :** Ewe, ndivile.

**(Iyahamba intombazana).**

**USizo :** Olu ncumo ! Lwandigqiba !

**USidima :** Uwile hi kulo mntwana Sizo ?

**USizo :** Ndithanda lo mlonyana neli lizwana, ndize ndigqitywe lolo ncumo luquthu !

**USidima :** Uyindoda kulumkele ukuba mbilini imbaxa kuba oko kokudida ingqondo.

**USizo :** Utsho ngokuba ndithanda lo mntwana ke ?

**USidima (Ekhangeleka ejalile) :** Ndiphulaphule ! Khona ngoku ugqib' ukugqwidiza, uthi kulo mntwana makathi Jola xa abulelayo !

**USizo :** Sendilibele mna.

**USidima :** Kuphela ke, kungeso sizathu kanye ke endithi kulumkele ukuba mbilini imbaxa.

**USizo :** Kusekho ngozi na siwufezile nje umsebenzi ebesiwuzele ?

**USidima :** Xa utshoyo wenza le nto kuthiwa : ' Kukukhwaz'

ungekaphum' ehlathini,' kanti ke mus' ukukhwaz' ungekaphum' ehlathini, kuba siseehlathini singekabikho e-Mahlosana nje.

**UZiki :** Kodwa mfo kabawo ungayithini imbola le ingaka kulowa mntwana ?—Iqale entloko yaya kuphuma eluzwaneni, kanti neengubo zikwayiloo nto. **(Bayahleka)l**

**USizo :** H-hayi !—Ndingaxolel' ukuba bomvu ! Mhle lo mntwana ! **(Bayahleka).**

**UZiki :** Kucacile ukuba ubuza kukhe ubhekise ukuba ubusenethuba.

**USidima (Ecaleni) :** Apha emhlabeni !

**USizo :** H-hayi !—Bendiza kubhekisa ! **(Bayahleka).**

## UMBONISO III

(Kungokuhlwa. USidima, uZiki noSizo basendlwini emzini abahlala kuwo.)

**USizo (Engqengqa ngesisu) :** Kwo ! Ndiyagula.

**USidima (Ezothukisa) :** Yintoni ?

**USizo :** Umzimba lo wam unamahlaba wonke, nesisu sam sivuthelene.

**UZiki :** Awu !—Yintoni na le uyithethayo Sizo ? Kutheni sagula kukugula okunye ? Ezi ndawo uzibalayo, Sizo, nazi kum !—kunjalo nje kukugula okuya kuthi ukuba akubuyi mva kuse kuthethw' ezinye !

**(UZiki uyangqengqa naye)**

**USidima (Ecaleni) :** Yiwa mthi wam !—Akunakubuya mva **(Ebhekisa kuZiki noSizo)** Ee ! Nith' anibanjwanga ngumkhuhlane kodwa ?

**UZiki :** Asingomkhuhlane lo !—kukugula oku !—kukufa oku !

## UMBONISO IV

(USango esiya emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe.)

**USango :** Emihleni yobomi bam uthamsanqelekile busukundini kuba ngawe kuza kusa ndiyeyona ndoda iphumelele-

yo kule lali yaseTyira ! Ewe ! Ndiyayibulela nemini endazalwa ngayo kuba ngaloo mini amawethu andithwesa ubulumko—ilifa elingafiyo ! Ubulumko bam bundisebenzele, ewe, busandisebenzela nanamhlanje ! Kuba eli thamsanqa lindizele ngenxa yobulumko bam ! Kuza kusa ndisisityebi saseTyira !
Ndivuyela nokuzalisekiswa komnqweno wam, umnqweno wokuba uphele lo nyaka kusithiwa ngomzi kaDwala : Umzi owawulapha waya ngaphi na ? ' Nomfazi kaDwala akasayi kuze akucinge ukubuya nomntwana kaDwala. Andimfuni uDwala nembewu yakhe !

## UMBONISO V

(USango ufika emzini ohlala uSidima nabaninawa bakhe.)

**USango :** Ndiyankqonkqoza !

**USidima :** Ngaphakathi !

**USango (Engena) :** Molweni kwakhona, bahlekazi.

**USidima :** Hee ke ! Mnumzana. Hlala naso isitulo.

**USango (Ehlala esitulweni) :** Sendiphinde ndakho. Tyhini ! Senilele, ngoku ndize kunibuthela ?

**USidima :** La madoda athi aziva engemnandanga emizimbeni yawo.

**USango :** Akhala ngandawoni ?

**USidima :** Akhala ngamahlaba nesisu...

**USango :** Omabini ?

**USidima :** Ewe, omabini.

**USango (Ecaleni) :** Yiwa mthi wam —Lilo kanye ' **(Ebhekisa kuSidima)** Awu !—Ahlabeke nini ?

**USidima :** Andazi, yiyona nto ndingakhange ndiyibuze ke leyo.

**USango (Ebhekisa kuZiki nakuSizo) :** Tyhin' ! Kutheni bahlekazi ?

**UZiki :** Siyagula mnumzana.

**USango :** Yintoni ?

**UZiki :** Ngamahlaba nesisu.

**USango :** Nobabini ?

**UZiki :** Ewe, sobabini.

**USango :** Nihlabeke nini ?

**UZiki :** Mna ndihlabeke emva kokusela obuya tywala ubuthume intombazana ukuba isizisele ; ndithe emva kokuba ndibusele ndeva umzimba lo wam uqhuma amahlaba wonke, sasuka nesisu sam savuthelana.

**USizo :** Nakum kunjengokuba echaza umkhuluwa lo.

**USango (Ebhekisa kuSidima) :** Awu !—Kodwa nikhe nigabhe nje ?

**USidima :** Asiyisebenzisi kwaloo nto yokugabha.

**USango :** Ukuruda kona senikhe naruda nifikile nje kweli lizwe ?

**USidima :** Hayi, asikarudi.

**USango :** Oo !—Yiyo le nto bagulayo abahlekazi aba !—Nidla ukudla kweli lizwe phezu kokudla okudala kweliya lizwe nivela kulo.

**USidima :** Ee ! Kunjalo ?

**USango :** Ewe ; kaloku xa nifika kwelinye ilizwe nivela kwelinye kufuneka nisebenzise ukugabha nokuruda, nikhuphe ukudla okudala kwelizwe enivela kulo, khon' ukuze ukudla okutsha kwelizwe enifike kulo kuhlale kakuhle eziswini zenu.

**USidima :** Besingayazi ke loo nto.

**USango :** Azinakonwaba izisu zenu xa zingapholanga. Izisu zifuna ukuphoziswa ngokugabha nangokuruda.

**USidima :** Oo !—Ewe ?

**USango :** Ukuba bendisazi ukuba abahlekazi bayagula ngendize neyeza lokuruda, bakhe barude.

**USidima :** Sel' unceda ubaphe kusasa.

**USizo :** Kusasa ?—Kuza kusa ndifile mna ! O ! Ukuba ndandisazi ukuba ndizisa ekufeni ngendingazange ndivume ukuza apha.

**USango :** Uthini na mhlekazi ?

**USidima :** Mus' ukumbuza, ndiyabona ukuba ungenwe yimbudane yokugula.

**USizo :** O ! Wakha watsho kanene utata —Akwaba sasimphulaphule utata xa athi umntu ozingela ubutyebi uzingela ukufa ! O ! Hay' okwam ! **(Uyafa uSizo).**

**UZiki :** Awu ! Yasandulel' into kaNkatha enci.

**USidima (Ezenza lusizi) :** O ! Umntakwethu !

**UZiki (Egushe imela) :** Kwo ! Ndiyabulaleka kukulala ngecala. Khawundiphakamise mfo kabawo ndikhe ndilale ngomqolo.

**USidima :** Ewe, unyanisile. **(Emphakamisa)** Xa sivutheleneyo nje isisu khawulale ngomqolo.

**UZiki :** Hee ke ! Mkhuluwa. **(Emtsibela emgwaza ngemela)** Mus' ukucing' ukuba ilahle alimtshisi umphembi. Ilahle lomlilo owuphembileyo malisitshise sonke kaloku. Ukuba le yindlela olungisa ngayo imali yethu, kulungile masife sonke kungabikho namnye uyifumanayo kuthi sobathathu!

**USidima :** Kwowu ! Wandenzakalisa !—Xa ndifika encotsheni yeleli yempumelelo !—Xa ndiqala ukusezela impepho emyoli yolonwabo !

**UZiki :** Asiyoleli yempumelelo, mkhuluwa, yileli yobutshijolo. Injalo ileli yobutshijolo kumkhweli wayo, kulula ukuya kufika encotsheni yayo, kanti akufika encotsheni kulula ngaphezulu ukuya kukhahleleka phantsi angaphindi avuke. Le nto uthi wena yimpepho emyoli yolonwabo livumba eliraxayo lobutshijolo.
Mus' ukuyothuka le leli, kwabakhe bakwela kuyo akukho namnye owakha wahlala encotsheni yayo, wasezela impepho emyoli yolonwabo. Kaloku akukho mpepho imyoli yalonwabo encotsheni yale leli, into ekhoyo livumba eliraxayo lobutshijolo elimraxa limngqule phantsi lowo ufike encotsheni yale leli.

**USidima :** Kwowu ! Bendicing' ukuba ndilumkile.

**UZiki :** Ucinge ukuba ulumkile mkhuluwa, kodwa ke ngummiselo ongenakushukunyiswa lo wokuba uNyaniso ulu-

mke ngaphezu koNkohliso. Eli asilolizwe lokuchamza ngenkoloseko enkohlisweni, lilizwe lokubulaleka ngenkoloseko ekunyanisekeni khon' ukuze kulunge kuwe !

(**Uyafa uZiki**).

**USidima :** Sango, ndenzakele.

**USango :** Masithembe ukuba uza kuphila, mhlekazi.

**USidima :** Andinakuphila, undichanile lo mfana. (**Emnika isitshixo sebhokisi enemali**) Khawubale le mali, ndiyaqonda ukuba iza kuba yeyakho wedwa, kuba thina basebenzi bayo sifile sonke.

**USango (Esamkela isitshixo) :** Xa iqashiso lethamsanqa liwele ngakum mandibulele. (**Evula ibhokisi**) Y-yhu ! Ingaka?

**USidima (Emcothela ngasemva ephethe imela) :** Ewe, yibale, yeyakho yonke.

**USango :** Ndiza kuyibala mhlekazi, ndaye ndiya kuhlala ndikubulela nokuba sel' usengcwabeni ngenxa yethamsanqa ondizisele lona.

**USidima (Emgwaza ngemela) :** Kanti uyayivuyela nale nto yokufa kwam njandini ?

**USango :** Ha-ayi ! Yyo-o !—Ndenzeni ?

**USidima :** Endleleni yobutshijolo uvelaphi nam ndiye, xa ucing' ukuba uza kugqitha apha kum ?

**USango :** O ! Hay' ilishwa !

**USidima :** 'Asilolishwa,' utsho ubawo, 'Ngumgibe wentlondi.' Umgibe wentlondi yethu usibambile namhlanje.

**USango :** O ! Hay' okwam !—Ndashiya ndafel' emanyaleni.

**USidima :** Iphela apha ke indlela yobutshijolo. Nali ibhotwe, masingene.

**USango :** Liphi ibhotwe ? Sofumana ntoni khona ?

**USidima :** Ibhotwe lobutshijolo ngumhadi ; uzuko lwakhona kukuwa nokuhlazeka, ukuchulumacha kwakhona kukulila nesingqala.

**USango :** Ndiyaqala ukuqonda—ndiyaqala ukuqonda — ubulumko benkoloseko enkohlisweni buya daka, ke bona ubulumko benkoloseko ekunyanisekeni bumi bumi.

(**Uyafa uSango**).

**USidima :** Khon' ukuze lingaziwa ihlazo lokufa kwethu mandiyitshise le ndlu, sitshele ngaphakathi kuyo.

(**Ulumeka umlilo engceni yendlu**).

(UMdeni obephuma endlwini kwakhe walama idangatye lomlilo.)

**UMdeni :** Law' ila-ahle ! (**Eqondisisa umzi otshayo**) O ! O ! O !—Kazi xa kutsha aBanyibilikisi sosinda njani na thina ? —O ! Zinyawo zam ! Noza nithi nakha nandenzela ntoni ? —Ndithabatheni nindimkise kule ndawo iqalekisiweyo !

(**UMdeni uyabaleka asabe**).

(Amadoda ngokuva intlaba-mkhosi ayaphuma emizini yawo asukele.)

**Indoda yokuqala :** Masingayi phaya. Xa ilahle liwele aBanyibilikisi singenza ntoni thina ?

**Indoda yesibini :** Uthini na ?—NgaBanyibilikisi abaya batshayo ?

**Indoda yokuqala :** Tyhini !—Akuboni na ?—Ngumzi ohlala aBanyibilikisi lowa utshayo !

**Indoda yesibini :** Basindisile ! Kutheni bengazisindisi nje bona ?

**USilinga (Efika kula madoda) :** Yinto ekufuneka siye kuyiqonda kanye ke leyo madoda—ukutsha kwaBanyibilikisi ! Abasindisi !

(**Bayasukela baye emzini otshayo.**

Bafika sekuqokelelwene ngamadoda kucinywa umlilo. Amadoda ayawoyisa umlilo, ayithabathe ibhokisi enemali nabafileyo kunye noSidima abase kwenye indlu.)

**USidima :** Phulaphulani kum.

(Kuthi cwaka kumanyelwe.)

**USidima (Ehambisa) :** Ebomini bam bendingumhambi wendlela yobutshijolo.

**USilinga (Ecaleni) :** Uza kutheth' izint' ezinkulu lo mfo !—Ebengumhambi wendlela yobutshijolo ?

**USidima :** Ilahle ebendinixelela ngalo ndisithi lisesibhaka-

bhakeni alizange libekho, ibingumsebenzi wobutshijolo bam, ndizama ukuphumelela ngokunikhohlisa. Ndinikhohlisile ke nakhohliseka, nandinika nemali yenu. Ndakuba ndiyifumene imali ndibe nomona andafuna ukwahlulelana nabaninawa bam njengoko ndandibathembisile ekubatsaleleni kwam kulo mgibe wentlondi usibambileyo namhlanje. Ndigqibe ekubeni mandibabulale khon' ukuze ndiwuxhamle ndodwa lo mvuzo wobutshijolo. Okunene ndibadlisile ngeyeza endilifumene kuSango. Kodwa uthe phambi kokuba afe umninawa wam onguZiki obendiranela ububi, wandigwaza ngemela. Ndenzakele, eli nxeba liza kundifudusa njengaba baqungquluzileyo.

**Amadoda :** Tyhin' ! Madoda !

**USidima :** USango lo nimbona equngquluze apha ugwazwe ndim. Ubenenxaxheba enkulu ebutshijolweni kuba nguye osixeleleyo ukuba uDwala noNtamo bawuchasile umsebenzi wethu wobutshijolo, ndaza ke ndikunye nabaninawa bam ndababulala ndabatshisela ezindlwini zabo.
Mna nabaninawa bam aba imfesane yethu ikweli lizwe lasemaMpondomiseni kuba singabantwana bakaNkatha, umkhuluwa kaNtamo, ubawokazi esimbuleleyo.

**Amadoda :** Awu !

**USidima :** Ekufikeni kwethu apha sizifihlile sisenzela ukuba umnqweno wobutshijolo bethu ufezeke. Kodwa namhlanje ndiyabona ukuba sifumane sazixhamla, ubutshijolo abuphumelelisi. Xenikweni umntu azama impumelelo ngobutshijolo uzimbela umhadi apho aya kweyela angaze aphinde abonwe. **(Uyafa uSidima).**

## UMBONISO VI

(ULongo, uSilinga nabantu abeze kungcwaba uSidima, uZiki, uSizo noSango emangcwabeni.)

**ULongo :** MaMpondomise amahle, kukho ubunyaniso obukhulu kule ntetho ithi : ' Inyaniso ayidibani nobuxoki.'

La madoda niwabona equngquluze apha ngabakhohlisi, ngabaccbi bamayelenqe, ewe, ngabaphalazi bamagazi amsulwa ! Kodwa ngenxa yokuba inyaniso ingadibani nobuxoki nanga equngquluze apha engahlazekileyo endaweni yokuzukiseka. Kaloku kweli phakade sikulo, ewe, nakwiphakade elingaphaya kweli, yinyaniso kuphela ezukisayo ; ubuxoki bona buyahlazisa.

Unoyolo umntu ofana noDwala, okwaziyo ukuyigqala inkohliso, kuba akafumane akhutyekiswe. Ukuba besikwazi ukuyigqala inkohliso ngesingemkanga nemisinga yenkohliso aseyelisele kuyo la madoda, savuma amampunge amampunge ngokokude sixhele iihagu zethu, sikhuphe neemali zethu ngelize !

Kwowu ! Ukulunga nokunyaniseka kukaNkatha ! Ngokwenene umthath' uyawuzal' umlotha !—Xa inguNkatha lo uzele amatshijolo ! MaMpondomise amahle, ndidanile ! Ukuhlala sihlale sikhohliswe ngabantwana bethu—abantwana bakaNkatha ! Akwaba sibonile nje sifundile !

USilinga : MaMpondomise ! Ndenyele sesi siganeko sihlileyo.

Andazi nokuba la madoda asibethe ngencilikithi na,
Khon' ukuze nje singayisebenzisi ingqiqo,
Senze ngokuqiqa nangokuqonda.
Bekungasizathu sini na
Ukuze nje singawagoca-goci
Amazwi empendulo yakomkhulu eSulenkama ;
Amazwi athi :
' Gqalani ukuhamba kwabo,
Gqalani ukuthetha kwabo,
Gqalani ukuhlala kwabo,
Nize nenze ngokuqiqa nangokuqonda ? '
Bekungasizathu sini na
Ukuze nje singalithabathi icebiso likaDwala ;
Icebiso elithi :
' Ilahle malisigximfe sife ? '

Bekungenxa yamandla ogonyamelo lwenkohliso na ?
O ! Hayi le nkohliso !
Iyalonakalisa uzuko lomntu !
Kuba ezimbalini siya kuba yintlekisa,
Kuya kuthiwa ngathi :
' Kwafik' abakhohlisi bathi mabaxhele iihagu kuza kuw' ilahle !
Bazixhel' iihagu zabo kant' akukho lahle ! '

**(Kuyaselelwa kuchithakalwe).**

28 NOV 1969